



IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho eNtshona Koloni
INgxelo yoNyaka 2023/24

IBHODI YONGCAKAZO
NEMIDYARHO YENTSHONA
KOLONI

INGXELO YONYAKA
2023/24

| | |
|---|-----------|
| ICANDELO A: ULWAZI GABALALA | 4 |
| 1. IINKCUKACHA GABALALA MALUNGA NEBHODI | 4 |
| 2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/ LWEZISHUNQULELO | 5 |
| 3. IMBULAMBETHE KASIHLOLO | 8 |
| 4. IMBULAMBETHE YOMPHATHI OYINTLOKO | 10 |
| 5. INKCAZO YEMISEBENZI NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA YALO NYAKAMALI | 12 |
| 6. AMAGQABANTSHINTSHI NGOKUBANZI | 13 |
| 7. IMITHETHO NOLUNYE UXANDUVA | 14 |
| 8. UKUMA KWESTRAKSHA SEZIKO ELI | 17 |
| ICANDELO B: IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO | 20 |
| 1. INGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZICACISWE KWANGAPHAMBILI | 20 |
| 2. AMAGQABANTSHINTSHI NGENTSEBENZO | 20 |
| 3. INKQUBELA ESEYENZIWE NGASEKUFZEKISWENI KWAMAFUTHE AMAZIKO KUNYE NEZIPHUMO | 33 |
| 4. IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO | 33 |
| 5. UKUQOKELELWA KWENGENISO | 47 |
| 6. UTYALOMALI KWIZAKHIWO | 48 |
| ICANDELO C: ULAWULO | 50 |
| 1. INTSHAYELELO | 50 |
| 2. IIKOMITI ZEEPOTFOLIYO | 50 |
| 3. UGUNYAZIWE OLAWULAYO | 50 |
| 4. UGUNYAZIWE OTHATHA UXANDUVA- IBHODI | 50 |
| 5. ULAWULO LWEMINGCIPHEKO | 64 |
| 6. ICANDELO LOPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI | 68 |
| 7. UPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI | 68 |
| 8. UKUTHOTYELWA KWEMITHETHO NEMIMISELO | 69 |
| 9. URHWAPHILIZO NOBUGHOPHOLOLO | 69 |
| 10. UKUCUTHA UNGQUZULWANO NEZINTO ANAZO AMALUNGU | 70 |
| 11. INDLELA YOKUZIPHATHA EYAMKELEKILEYO | 70 |
| 12. IMIBA YEZEMPILO, UKHUSELEKO NENDALO ESINGQONGILEYO | 70 |
| 13. UNOBHALA WENKAMPANI | 70 |
| 14. UKUKHATHALELA ULUNTU | 70 |
| 15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI NEMINGCIPHEKO | 71 |
| 16. IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO YOKULANDELWA KWEB-BBEE | 74 |
| ICANDELO D: ULAWULO LWEZABASEBENZI | 76 |
| 1. INTSHAYELELO | 76 |
| 2. IINKCUKACHAMANANI ZOKUQWALASELWA KWABASEBENZI | 78 |
| ICANDELO E: INGXELO YOKULANDELWA KWEPFMA | 86 |
| 1. INKCITHO ENGEKHO MTHETHWENI, ENGAFANELEKANGA NESEBENZISA GWENXA IMALI KUNYE NELAHLEKO YEZINTO | 86 |
| 1.1. Inkcitho Engekho Mthethweni | 86 |
| 1.2. Inkcitho Engafanelekanga Nesebenzisa Gwenxa Imali | 88 |
| 1.3. Ezinye Izinto Ezixeliweyo Ngokunxulumene Neelahleko Zezinto Ngokwepfma Icando 55(2)(B)(I) &(Iii) | 89 |
| 3. UKUHLAWULWA KADE KUNYE/OKANYE NOKUNGAHLAWULWA KWEENKAMPANI EZINIKA IINKONZO | 90 |
| 4. ULAWULO LWENKQUBO YOKUTHENGWA KWEMPAHLA NOKUFUNWA KWEENKONZO | 90 |
| 3.1. Ukhangelo Lweenkonzo Ngezinye Iindlela | 90 |
| 3.2. Utshintsho Nokwandiswa Kweekhontrakthi | 91 |
| ICANDELO F: INGCACISO YEZEMALI | 94 |
| 1. REPORT OF THE AUDITOR GENERAL | 94 |
| 2. ANNUAL FINANCIAL STATEMENTS | 102 |



ICANDELO A:
Ulwazi Gabalala

1. IINKCUKACHA GABALALA MALUNGA NEBHODI

| | |
|--|--|
| IGAMA: | IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni |
| IDILESI YENDAWO | 24 Fairway Close Fairway Terraces Parow eKapa 7500 Riphablikhi yoMzantsi Afrika |
| IDILESI YEPOSI: | P O Box 8175 Roggebaai 8012 |
| I(I)NOMBOLO YOMNXEBA: | +27 21 480 7400 |
| IDILESI YEIMEYILE: | ceo@wcgrb.co.za |
| IDILESI YEWEBHUSAYITHI: | www.wcgrb.co.za |
| ABAPHICOTHIZINCWADI BANGAPHANDLE: | Auditor-General of South Africa |
| IBHANKI: | Nedbank |
| UNOBHALA WEBHODI: | Heinrich Brink |

2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/ LWEZISHUNQULELO

Olu luhlu lulandelayo luqulethe zonke izifinyezo/ izishunqulelo ezisetyenziswe kule ngxelo yonyaka, nokuba zibhekisa kweliphi icandelo:

| Isifinyezo / Isishunqulelo | Ingcaciso |
|----------------------------|--|
| ADFIN / Adfin | Administration and Finance (uLungiselelo lweOfisi nezeMali) |
| AFS | Annual Financial Statements (AmaXwebhu eNgxelomali yoNyaka) |
| AGSA | Auditor-General of South Africa (iOfisi yomPhicothizincwadi yoMzantsi Afrika) |
| APP | Annual Performance Plan (IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka) |
| B-BBEE | Broad-Based Black Economic Empowerment (UXhotyiso oluNatyisiweyo lwabaNtsundu kwezoQoqosho) |
| IBhodi | IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni |
| ibhodi | Collective of Non-Executive Board Members (iQela lamaLungu eBhodi angekho kuLawulo) |
| Capex | INkcitho yezinto eziNkulu |
| CATHSSETA | Culture, Arts, Tourism, Hospitality and Sport Sector Education and Training Authority (uGunyaziwe weCandelo leMfundo noQeqesho ngokubhekiselele kwezeNkcubeko, ubuGcisa, ezoKhenketho, nelokuPhathwa kakuHle kwabaNtu) |
| CEO | Chief Executive Officer (uMphathi oyiNtloko) |
| CFO | Chief Financial Officer (Igosia lezeMali eliyiNtloko) |
| COE | Cost of Employment (IiNdleko zeNgqesho) |
| CPI | Consumer Price Index (Ingqikelelo yoTshintshomaxabiso) |
| CSI | Corporate Social Investment (uTyalomali kuPhuhliso loQoqosho) |
| Umgaqosiseko | UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka1996 |
| COVID-19 | Coronavirus Disease 2019 (Isifo sekhorona vayirasi 2019) |
| DoL | Department of Labour (ISebe lezabaSebenzi) |
| DRP | Disaster Recovery Plan (IsiCwangciso soLawulo lweeNtlekele) |
| DTIC | Department of Trade, Industry and Competition (iSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano) |
| DoI | Department of Infrastructure (iSebe leziSeko ezinguNdoqo) |
| EE | Employment Equity (UkuLingana ngokobuNgakanani bamaNani kwiNgqesho) |
| I-EEA | I-Employment Equity Act (uMthetho woLingano ngokobuNgakanani bamanani kwiNgqesho) |
| ERM | Enterprise Risk Management (uLawulo oluNdindeneyo lwemiNgcipheko yeZiko) |
| EWP | Employee Well-being Programme (iNkqubo yeNtlalontle yabaSebenzi) |
| EXCO | Executive Committee (IsiGqeba esiLawulayo) |
| FIC | Financial Intelligence Centre (iZiko lobuNtlole kwezeMali) |
| FIC | Financial Intelligence Centre Act, 2001 (uMthetho wokuHlaziywa kweZiko lobuNtlole kwezeMali, ka2001) |
| FIT | Finance, Information Technology Committee (iKomiti yezeMali neTeknoloji yezoLwazi) |
| GDP | Gross Domestic Product (iXabiso leeMveliso ezeNziwa kule Ndawo) |

ULWAZI GABALALA

| Isifinyezo / Isishunqulelo | Ingcaciso |
|----------------------------|---|
| GGR | Gross Gambling Revenue (iNgeniso yeMali eFumaneke ngokuNgawini kwabaNgcakazi) |
| GLC | Gambling Liaison Committee (iKomiti yeNtsebenziswano kuNgcakazo) |
| GRAP | Generally Recognised Accounting Practice (iNdlela yoCwangcisomali esele Yamkelekile) |
| HCC | Human Capital Committee (iKomiti yokuXhotyiswa kwabaNtu) |
| HOD | Head of Department (iNtloko yeSebe) |
| I-HR | Human Resources (iCandelo lezabaSebenzi) |
| HRM | Human Resource Management (uLawulo lwabaSebenzi) |
| ICAS | Independent Counselling and Advisory Services (iNkonzo zeeNgcebiso zeeNgcali nokuCetyiswa) |
| ICE | International Casinos Exhibition (uMboniso weeKhasino wamaZwe ngamaZwe) |
| ICT | Information and Communication Technology) UbuChwepheshe bokuGqithiswa koLwazi noNxibelelwano) |
| IT | Information Technology (UbuChwepheshe bezoLwazi) |
| IYM | In Year Monitoring (Ukubekwa esweni kwaphakathi enyakeni) |
| LSA | Long Service Award (iMbasa yoMbulelo weNkonzo eNde) |
| LPM | Limited Pay-out Machines (ooMatshini abamda uqingqiweyo) |
| LRA | Labour Relations Act (uMthetho wobuDlelwane phakathi kwabaSebenzi nabaGeshi) |
| MEC | Member of the Provincial Executive Council (uMphathiswa wePhondo) |
| UMphathiswa | UMphathiswa wezeMali namaThuba ezoQoqosho weNtshona Koloni |
| MTEF | Medium Term Expenditure Framework (uMgaqosikhokelo weNkcitho yombindi wonyakamalii) |
| MTBPS | Medium Term Budget Policy Statement (iNkcazelo yoMgaqonkqubo weBhajethi yaPhakathi kwiKota) |
| NGB | National Gambling Board (iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke) |
| NPC | Not for Profit Company (iNkampani engaJonge kwenza Nzuzo) |
| NTR | National Treasury Regulations (imiGaqo yeOfisi kaNondyebo weLizwe) |
| OD | Organisational Development (uPhuhliso lweZiko) |
| OHASA | Occupational Health and Safety Act, 1993 (UMthetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini, ka1993) |
| Opex | Operational Expenditure (iNkcithomali yokuSebenza) |
| PAC | Public Accounts Committee (iKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente) |
| PAIA | Promotion of Access to Information Act, 2000 (UMthetho wokuKhuthazwa kokuFikelela kuLwazi, ka2000) |
| PAJA | Promotion of Administrative Justice Act, 2000 (uMthetho wokuKhuthazwa kobuLungisa bokuPhatha, ka2000) |
| PDO | Predetermined Objective (iNjongo eBekiweyo) |
| PFMA | Public Finance Management Act, 1999 (uMthetho wokuLawulwa kweMali kaMasipala, ka1999) |
| PGWC | Provincial Government of the Western Cape (uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni) |
| PLA | Provincial Licensing Authority (uGunyaziwe wokuKhutshwa kweLayisenisi wePhondo) |

| Isifinyezo / Isishunqulelo | Ingcaciso |
|---------------------------------------|--|
| PI | Performance Indicator (ISalathintsebenzo) |
| POPI | Protection of Personal Information Act, 2013 (uMthetho wokuKhuselwa kweeNkcukacha zoMntu, ka2013) |
| PRMA | Post-Retirement Medical Aid (inkxaso yezonyango yasemva kokuthathwa komhlalaphantsi) |
| PTR | National Treasury Regulations (imiGaqo yeOfisi kaNondyebo wePhondo) |
| RGC | Responsible Gambling Committee (iKomiti yoNgcakazo oluneNkathalo) |
| SAPS | South African Police Services (iNkonzo yesiPolisa yaseMzantsi Afrika) |
| SARGF | South African Responsible Gambling Foundation (iNgxowa yokuNgcakaza ngeNyameko yaseMzantsi Afrika) |
| SCA | Supreme Court of Appeal (iNkundla ePhakamileyo yeziBheni) |
| SC | Senior Counsel (iGqwetha eliPhezulu) |
| SCM | Supply Chain Management (uLawulo lweNkqubo yokuthengwa kwempahla nokufunwa kweenkonzo) |
| SCF | Western Cape Provincial Parliament's Standing Committee on Finance (iKomiti esisiGxina yePhondo leNtshona Koloni ejongene nezeMali) |
| SCFEOT | Western Cape Provincial Parliament's Standing Committee on Finance, Economic Opportunities and Tourism (iKomiti esisiGxina yePhondo leNtshona Koloni ejongene nezeMali, amaThuba oQoqosho nezoKhenketho) |
| SOP | Standard Operating Procedure (iiNkqubo eziMiselweyo zoKwenza umSebenzi) |
| SR | Strategic Risk (umNgcipheko onokuChaphazela umSebenzi) |
| uMthetho | Western Cape Gambling and Racing Act, 1996 (uMthetho ka1996 woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni) |
| TR | Treasury Regulations (imiGaqo yeOfisi kaNondyebo) |
| Isiza seLPM yoHlobo A | Iziza zeLPM eziya kutsho kwiiLPM ezi5 |
| Isiza seLPM yoHlobo B | Iziza ezineeLPM ezineeLPM ezi6 ukuya kwezingama20 |
| Isiza seLPM yoHlobo C | Iziza zeeLPM ezineeLPM ezingama21 ukuya kwezingama40 |
| Isiza seLPM yoHlobo D | Umqhubishishini loNgcakazo weSiza seLPM ozimeleyo |
| UPS | Uninterrupted Power Supply (ukuNikwa koMbane okungaPhazamisekiyo) |
| WC | Western Cape (iNtshona Koloni) |
| WCDol | Western Cape Department of Infrastructure (iSebe leziSeko ezinguNdoqo) |
| WCGRB | Western Cape Gambling and Racing Board (IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni) |
| WCPT | Western Cape Provincial Treasury (iOfisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni) |
| Western Cape (iNtshona Koloni) | The Provincial of the Western Cape (uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni) |
| WFH | Work From Home (Sebenzela eKhaya) |
| WSP | Work Skills Plan (isiCwangciso seZakhono zomSebenzi) |
| WSP | Work Skills Plan |

3. IMBULAMBETHE KASIHLO

Ndiziva ndinelunda xa ndinikezela ngale Ngxelo yoNyaka yoNyakamali ka2023/2024 yeBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni. I-WCGRB yasekwa emva kokubhengezwa koMthetho woNgcakazo nemiDyarho eNtshona Koloni, uMthetho wesi4 ka1996. NgokweShedyuli 2C yePFMA, iWCGRB liqumrhu likarhulumente lephondo.

Oloni xanduva lweWCGRB, olubekwa ngumthetho, kukulawula ushishino longcakazo eNtshona Koloni. Uxanduva olusekelayo luquka ukuba negalelo kuqoqosho lweNtshona Koloni ngohlobo oluza nezinto ezintsha nolunenkathalo eluntwini.

Ushishino longcakazo luye lwakhula kakhulu kwingeniso yemali efumaneke ngokungawini kwabangcakazi kulo nyakamali uphela ngowama31 Matshi 2024. Kulo nyakamali uphela ngowama31 Matshi 2024, iBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni iqokelele iirhafu nemidliwo yongcakazo exabisa iR1,5 bhiliyoni.

Ukulawulwa kongcakazo kufezekiseka ngokukodwa ngokukhutshelwa iilayisenisi ezifanelekileyo, kwabantu namaqela afanelekileyo ukuba baqhube amashishini ongcakazo kweli Phondo nokuqinisekisa ukuba ushishino longcakazo luyayilandela imithetho yongcakazo kazwelonke neyephondo. Ngenkqubo yokukhutshwa kweelayisenisi, iBhodi ivulela amathuba ezoqoqosho ngelixa ifezekisa inguqu kwezoqoqosho.

Njengogunyaziwe wokuLawula nokhutshwa kweelayisenisi, iBhodi inikwe uxanduva ngokusemthethweni ukuba inyanzelise imimiselo yeB-BBEE kolu shishino ilulawulayo.

Ukongeza, iinjongo zeB-BBEE ezinxulumene nenguqu, abaninilayisenisi benze izibophelelo ezininzi ngokunxulumene noTyalomali kuPhuhliso lweNtlalo. I-WCGRB iyaqhuba nokulandela isigwebo malunga neB-BBEE (iTsogo Sun Caledon (Pty) Ltd kunye Nabanye v iBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni kunye Nomnye (iTyalala elingunamba 89/2021) [2022] ZASCA 102 (24 Juni 2022) yaye iqulunqo umgaqonkqubo woshishino lokuNgcakaza eNtshona Koloni noza kufezekiswa kushishino longcakazo.

I-WCGRB ivuyiswa kukunika ingxelo yokuba olu shishino lube negalelo leR30,7 yezigidi kwiinkqubo zeCSI kweli thuba lokunika ingxelo.

Inani elibekwa ngumthetho lamaLungu eBhodi ngamalungu asixhenxe angekho kwisigqeba solawulo. Ewonke, la malungu asixhenxe nguGunyaziwe woBalomali lweWCGRB. Ikhoram yentlanganiso yeBhodi yenziwa ngamalungu amahlanu. Kulo nyaka uphononongwayo, iWCGRB ibinamalungu asixhenxe anyuliweyo yaza ke ngoko yaba inamalungu apheleleyo.

Imiqathango yamalungu ebhodi icaciswe kwishedyuli C kwiphepha lama 51.

Xa kungoku iSebe lisebenzisa indlela yokunyula amalungu eBhodi ithuba leminyaka emine. Oku kuba nesiphumo sokuqhubeka komsebenzi yaye kunika amaLungu eBhodi ithuba lokuqiniseka ngomsebenzi wabo kwiWCGRB.

Ubume bengqesho yeWCGRB buye baqhuba nokungatshintshi ubuncinane bethuba leminyaka eli15. Kwangaxeshanye, ushishino lokungcakaza litshintshile yaye likhule ngokukhawuleza okukhulu. Oku kwanda kudala uxinzelelo kubasebenzi beWCGRB ekubeni bakwazi ukwenza ukufezekisa imisebenzi yabo kwakunye nokulindelwe kubo ngabaninilayisenisi.

I-WCGRB iqeshe inkampani engumnikinkonzo ukuba ihlole ubume beWCGRB kunye nabasebenzi abadingekayo ukuze iwenze ngokukoko umsebenzi ewumiselweyo. Lo msebenzi ugqityiwe yaye wamkelwe yiBhodi yeWCGRB, kodwa iWCGRB iza kudinga imithombo yemali eza kuhlawulela ukufezekiswa kwezi ziphakamiso.



*Mnu. C Bassuday
USihlalo weBhodi*

I-WCGRB ayinalo igunya lokunyusa indlela yengeniso yayo ingavunyelwanga nguMphathiswa ofanelekileyo nanjengoko zonke izigqibo ezichaphazela imali zixhomekeke ekuvunyweni kwebhajethi yomphathiswa.

Iindlela zengeniso yeWCGRB zibekwa ngumthetho, nalapho iWCGRB ingenagunya lakuhlaziya. Loo nto iyenza ixhomekeke kuRhulumente weNtshona Koloni ukuba ahlaziye imithetho.

Kuhlaziyo lwamaqumrhu karhulumente lweWCPT lwakutshanje kufunyaniswe ukuba imbuyekezo yeWCGRB kubasebenzi abakwizikhundla eziphezulu ibiphakathi kwezona ziphantsi kuwo onke amaqumrhu karhulumente ephondo. Ngaphezulu, xa kuthelekiswa nezinye iibhodi zolawulo longcakazo zaseMzantsi Afrika, obu bume bembuyekezo bungaphantsi koninzi lwazo. Oku kubeka iWCGRB ebugxwayibeni nakumngcipheko wokuphulukana nabasebenzi abangundoqo bayo, baye kuqeshwa ngamanye amaqumrhu.

I-WCGRB iqalile ukusebenzisa iifisi zayo ezintsha ezise24 Fairway Close yaye ikwinkqubo yokufumana umlawuli weprojekthi oqeqeshiweyo ukuze alawule inkqubo yokuba iWCGRB ihlaziye ize ifake ifenitshala kwesi sakhiwo sayo.

Nangona kukho le mingeni, iWCGRB ilufezekisile uxanduva lwayo.

I-WCGRB ifumene isiphumo sophicothozincwadi olungenachaphaza yaza yafezekisa ama74% ezalathintsebenzo zayo.

Iinjongo zeXesha eliPhakathi

Inkqubo yokuqhuba iiLPM zohlobo B seyiqaliwe yaye oku kufezekiswa kwayo kumele ukuba kuqalise ngekota yesithathu yonyakamali ka2024/25. Ngaphezulu, iWCGRB iza kube iphonononga ikwacwangcisele ukuqhuba iiLPM zohlobo C nohlobo D ngokunjalo neBingo. Oku akuzi kuphelela nje ekubeni nefuthe elihle kwindlela yengeniso yeWCGRB kwakunye neerhafu zzikaNondyabo weWCG, kodwa kukwajonge kwisicelo solu shishino sokuba iintlawulo ezilawulwa ngumthetho zenziwe zifumaneke.


Lilonke, iWCGRB iza kukuqwalasela ngeyona ndlela ukukhuselwa koluntu ekurhaleleni ukungcakaza ngokugqithisileyo, ushishino longcakazo olunobulungisa noluzinzileyo kwiPhondo leNtshona Koloni, ukuxhotyiswa kwezozoqoqosho koluntu obelusakuhleleleka kunye nokukhuthazwa kokuhluma koqoqosho, uphuhliso nengqesho.

Ukukhuliswa kweendlela zokungcakaza ngenkathalo kushishino longcakazo laseNtshona Koloni kufumana ingqalelo emandla kwiWCGRB kwaye kukwaqhutywa nophando ngokunxulumene nemigaqonkqubo yaye nezicwangciso seziqulunqiwe kunjalo nje ziyafezekiswa kushishino xa lulonke, luqhutywa ngendlela yamanqanaba ngamanqanaba.

Ekuqhubeni kwalo nyakamali ka2024/5 iWCGRB iza kuqulunqa isiCwangciso sokuSebenza sethuba lika2025 - 2030.

Imibulelo

Ndingathanda ukubulela uMphathiswa wePhondo uMireille Wenger ngenkxaso yakhe engagungqiyo nokungasokolisi kweWCGRB, iWCPT, iSCF, kunye nePAC ngenkxaso nokukhokhela kwabo, amalungu eBhodi, iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko yeWCGRB ngokubeka esweni nokukhokhelela kwimpumelelo yoxanduva lweBhodi kunye nesigqeba esilawulayo seWCGRB ngokunjalo nabasebenzi ngokwenza kwabo umsebenzi wabo nangona bekukho ubunzina nemiqobo ebibangelwa kukungabi nabasebenzi baneleyo. Imizamo bayo iyabonwa yaye iyabulelwa kakhulu.



Claude Bassuday

Usihlalo

IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni

31 Julayi 2024

4. IMBULAMBETHE YOMPHATHI OYINTLOKO

Ndicela namkele esi sishwankathelo senkqubo yezemali yeBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni kulo Nyakamali uphele ngowama31 kuMatshi 2024.

I-WCGRB ayikwazanga ukufezekisa ukuzimela ngokwezemali ngeli thuba liphononongwayo yaye oku kulindeleke ukuba kuqhube kunyakamali ka2024/25. Ubhangisiwe mthetho iWestern Cape Gambling and Racing 19th Amendment Act (2021) ebekujongwe ukuba uza kunika iWCGRB ithuba lokufezekisa ukuzimela ngokwezemali, nto leyo ishiye iWCGRB isaqhubeka nokuxhomekeka kuRhulumente weNtshona Koloni ukuba usebenzise igranti karhulumente ukuxhasa ngemali ukungoneli kwebhajethi yayo. I-WCGRB igunyaziselwe nje ukuqokelela imali ezivunywa ngumthetho yaye ibingakwazi ukuyihlawulela ngokwaneleyo imisebenzi yayo, nanjengoko ziphelelwe iindleko zokukhetheka.

Ibhajethi yeWCGRB edibeneyo yeOPEX neCAPEX yalo nyaka upheleleyo uphononongwayo ibiyiR108,3 yezigidi. Eyona nkqubo iyiyi yeOPEX neCAPEX ibe yiR98,5 yezigidi. Xa kudityaniswa nokuqokelelwa kweentlawulo okudlulisileyo, iWCGRB iye yangenisa imali ethe xaxe eyiR15,8 yezigidi kulo nyaka uphononongwayo.

I-WCGRB iluqonda kakuhle uxanduva lwakho yaye ijonge ukwenza umsebenzi wayo ngabasebenzi nezixhobo enazo. Ngenxa yoko, iWCGRB ijonge ukuqhuba uxanduva lwayo ngeyona ndlela yongayo ize izame ukonga kangangoko kwimali yayo yebhajethi ingakhange ilusengele phantsi uxanduva lwayo. Ulondolozo kwinkqubo ethelekiseka nebhajethi kulo nyaka uphononongwayo ibe yiR9,8 yezigidi.

Ngexa yokunyuka nokwanda okuqhubekayo koshishino longcakazo eNtshona Koloni, abasebenzi benza imisebenzi emininzi yaye abanelanga ukuba bafezekise iinjongo zeWCGRB. Oku kusoloko kudingeka kwabasebenzi kuyingxaki kwiqumrhu elinabasebenzi abangakhuthazekanga. Ngenxa yoko, abasebenzi beWCGRB bakwazile ukuvala izikhewu baza bonyusa umxakatho ukwenzela ukufezekisa uxanduva lweWCGRB, kodwa le ndlela kufuenka besebenze ngayo ayikwazi kugcinwa injalo. Njengoko etshilo uSihlalo, iWCGRB iye yacela uphononongo lobume bezithuba zomsebenzi zayo kunye nokuvunywa kwesindululo sayo, kodwa inkxasomali yokufezekiswa kwesi sindululo ayikafumaneki, ngoko ke le misebenzi kufuneka yenziwe ngabasebenzi kusaza kufuneka iqhubeka.

I-WCGRB isebenzise uphicothozincwadi lweerhafu ukuqokelela ize iqinisekise iirhafu zongcakazo zikaNondyebo woRhulumente weNtshona Koloni ezize nemali ezidlule ngeR1,5 yeebhiliyoni kulo nyaka uphononongwayo.

Oku kuhluma kushishino longcakazo lweNtshona Koloni lugqamise imfuneko yokuba iWCGRB inyuse inani labasebenzi bokusebenza kolu shishino, yandise iindlela zayo zokukhuthaza ungcakazo olunenkathalo kunye nokuqinisekisa ngokusasazwa okufanelekileyo kwenkxasomali yeCSI.

I-WCGRB ikwinkqubo yokuqhuba iiLPM zohlobo B yaye iza kukuqalisa oku kwikota yesithathu yalo nyakamali ka2024/25. Oku kuza kunyusa iirhafu zongcakazo kodwa kungakhokheleli ekunyukeni okumandla weengeniso zeWCGRB. I-WCGRB iza kuphonononga ithathele ingqalelo ukuqhutywa kohlawulelo lokungcakaza okubekwe emthethweni ngendlela yokuzama ukuphucula indlela yengeniso yayo. Noko kunjalo, olu hlawulelo longcakazo aluyi kuqhutywa kulo nyakamali ka2024/25.

I-WCGRB isanda kulahlekelwa ngabalawuli bayo ababini kunye nabasebenzi abangundoqo kwicandelo lokulawulwa kokuthengwa kwempahla nokufunwa kweenkonzo nalapho owona mba uphambili ikukungalingani kwembuyekezo phakathi kwebhodi ezahlukileyo zongcakazo zaseMzantsi Afrika kunye nembuyekezo ehlawulwa sisiXeko saseKapa kubasebenzi abakweli candelo linye. Ezi zenzo akulindelekanga ukuba ukuba zilungiseke kwangoku yaye iBhodi isajonga izinto enokuzenza ukugcina abasebenzi abangundoqo.



*Mnu. P Abrahams
uMphathi oyiNtloko*

I-WCGRB ithathele kuyo esi sakhiwo seeofisi sayo sitsha kodwa, ngokokucebisa kukaSihlalo kwingxelo yakhe, kulindeleke ukuba sisetyenziswe sonke ngokokuhamba kwalo nyakamali. Okwangoku, iWCGRB isebenzisa indlela exubileyo ekukusebenzela ekhaya/ ukusebenzela eofisini bade bonke abasebenzi bakwazi ukungena kwesi sakhiwo sayo.

Ukunyusa iindleko neenkonzelo, ebekumele ukuba kunikwa yiDoI, ngoku kuza kuhlawulelwa yiWCGRB. Oku kusaqhubeka nokuba yiprojekthi yebhajethi engagqitywanga yaye le projekthi esingathwa ngokukhawuleza. Azikho ezinye iiprojekthi ezibhajethelweyo ezingagqitywanga.

I-WCGRBiyaqhubanokusebenzanjengequmrhuelisebenzayo lisenza inzuzo yayelibeke ibhajethi yeegranti ezisuka kwiWCG ukwenzela ukuhlawula oko kungabanga nakuhlululwa yibhajethi yayo. Noko kunjalo, kuya kufuneka ikhangele imithombo yemali yokuxhasa iimfuno zayo zabasebenzi abongezelelekileyo. Lo mba usathathelwa ingqalelo yaye uza kusingathwa kwiingxoxo zesicwangciso kqubo esitsha seBhodi.

I-WCGRB izifezekisile izindululo zeAGSA yaye isaqhuba nokusebenzela ukulandela yonke imigaqo nemiyalelo yayo.

Umbulelo

I-WCGRB ibulela ngokungazenzisiyo indima nenkxaso yoMphathiswa wayo walo nyaka uphele ngowama31 Matshi 2024, Nkosk. M Wenger, iingcebiso ezakhayo zeSCF kunye nePAC ngokunjalo noncedo olufunyenwe kwiWCPT, iAG (SA) kunye nabaPhicothizincwadi bangaPhakathi bayo.

I-WCGRB ikwanga ingalo ithathela ingqalelo iinzame nokuzinikela okumandla kwamalungu eBhodi, iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko kunye nabasebenzi beWCGRB ngegalelo labo kwimpumelelo yonyakamali ka2023/24.

I-WCGRB inqwenelela impumelelo uAdv. Deidre Baartman kwisikhundla sakhe sokuba nguMphathiswa wezeMali nokwanguMphathiswa ojongene neBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni.



Mnu. P Abrahams

Chief Executive Officer (uMphathi oyiNtloko)
IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
31 Julayi 2024

5. INKCAZO YEMISEBENZI NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA YALO NYAKAMALI

Ngokolwazi nenkolo yethu, siqinisekisa oku kulandelayo:

Lonke ulwazi namaxabiso abekwe kule ngxelo yonyaka ayahambelana namaxwebhu engxelomali yonyaka aphicothwe nguMphithothiJikelele. Le ngxelo yonyaka iphelele, ichanekile yaye ayinanto ishiyelelweyo. Le ngxelo yonyaka ilungiswe ngokuhambelana nezikhokelo zengxelo yonyaka ezikhutshwe yiOfisi kaNondyabo kaZwelonke. AmaXwebhu eNgxelomali yoNyaka (iCandelo F) alungiswe ngokwemimiselo yeGRAP efanelekileyo kwiBhodi.

AbasemaGunyeni boCwangcisomali ngabo abajongene nokulungisa amaxwebhu engxelomali yonyaka kunye nezigqibo ezithathiweyo malunga nolu lwazi. AbasemaGunyeni boCwangcisomali bajongene nokuseka, kunye nokuqhuba indlela yolawulo lwangaphakathi eyenzelwe ukunika uqinisekiso olufanelekileyo lwesidima nokuthembeka kwezi nkcukacha zentsebenzo, iinkcukacha malunga nabasebenzi kunye namaxwebhu engxelomali yonyaka.

Abaphicothizincwadi bangaphandle nabo bayabandakanywa ekunikeni uluvo oluzimeleyo malunga namaxwebhu engxelomali yonyaka.

Ngokokubona kwethu, le ngxelo yonyaka ikubonisa kakuhle ukwenziwa kwemisebenzi, iinkcukacha zentsebenzo, iinkcukacha zabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yeBhodi ngalo nyakamali uphele ngomhla wama31 kuMatshi ka2024.



Mnu. P Abrahams

Chief Executive Officer (uMphathi oyiNtloko)
IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
31 Julayi 2024



Mnu. CA Bassuday

USihlalo weBhodi
IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
31 Julayi 2024

6. AMAGQABANTSHINTSHI NGOKUBANZI

6.1 Umbono

Ukwaziwa njengoogunyaziwe bolawulo kwezongcakazo abaphala phambili ekulawuleni izenzo zoshishino eziza nezinto ezintsha, ezizinzileyo nokwandisa amathuba oqoqosho ngendlela elucingelayo uluntu.

6.2 Umgomo

Ukulawula nokubeka esweni ukulandelwa kwemigaqo yokungcakaza kwiPhondo leNtshona Koloni ukuze:

- Idale imeko ezinzileyo yokubekwa esweni kokulandelwa komthetho ngendlela enobulungisa, engenamagingxigingxi kunye nesebenzayo;
- Ikhuthaze ukuzithemba nentembo kwimeko engenabuqhophololo nekungangcakazwa kuqhutywe imidyarho kuyo ngokungekho mthethweni; yaye
- Ibe negalelo kuqoqosho lweNtshona Koloni ngohlobo olunenkathalo eluntwini.

6.3 Iimfundiso ezisisiseko

Ekwenzeni umsebenzi wayo ophangaleleyo, iBhodi nabaLawuli bayo babeka ukubaluleka okukhulu kwezi zinto:

- **Isidima**
Umgangatho wokubambelela ngokuluqilima kwindlela yokuziphatha eyiyo okanye intsulungeko nowona mgangatho uphezulu wokuqeqesheka.
- **Ukuba selubala nokuba noXanduva**
Ummiselo wokuba le Bhodi iya kwenza umsebenzi wayo ngendlela efikelekayo, ecacileyo nebonakalayo kwanokuba imisebenzi yayo ivulekele ukuba ihlolwe ze kuphendulwe kwabachaphazelekayo kunye noluntu ngokubanzi.
- **Okukwazi ukwenza**
Ukuba nogunyaziwe wolawulozinzo owaziyo umsebenzi nohlangabezana neemfuno zoluntu.
- **Ukuza nezinto ezintsha**
Ukudala ukugqibelela koshishino ngokuza nezisombululo kunye nezimvo ezintsha nezinokwenzeka.

7. IMITHETHO NOLUNYE UXANDUVA

7.1 Uxanduva ngokomgaqosiseko

Uxanduva ngokomgaqosiseko lweBhodi luthathwe kwisiHlomelo sesi4 soMgaqosiseko. Luyalela yephuli (pool)) zihambelana nokukwazi ukusebenza ngokusemthethweni kwendlu yowisomthetho yephondo nekazwelonke. Ekusebenziseni kwamagunya ayo nasekwenzeni umsebenzi oluxanduva lwayo, kufuneka iBhodi ibeke esweni amalungelo angundoqo akhe wonke umntu, njengoko ecaciswe kwiSahluko sesi2 soMgaqosiseko. Phakathi kwezinto ezibekwa siSahluko sesi6 soMgaqosiseko kukwakho nokulandelwa ngokukuko kwemithetho yezindlu ezahlukileyo zowisomthetho. Sikwajongana nezigqibo malunga nokungahambelani kokulandelwa kwemithetho eqhuba ngaxeshanye isuka kwindlu yowisomthetho kazwelonke neyephondo. Isahluko sesi6 simalunga nokusebenza kweBhodi ngokunxulumene nohlaziyo lweBhodi olusayilwayo loMthetho woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni, uMthetho wesi4 ka1996.

7.2 ImiThetho ekuQanyelwe ngayo

Kusebenza le mithetho ilandelayo yesizwe neyephondo kwimisebenzi eyenziwa yiBhodi:

UMthetho ohlaziyiweyo wemiQathango esiSiseko yeNgqesho (Basic Conditions of Employment Act), 1997 (uMthetho wama75 ka1997)

Lo Mthetho ubeka imiqathango engundoqo yokuqeshelwa kweendawo zokusebenza zaseMzantsi Afrika yaye ubachaphazela ngokungqalileyo abasebenzi beBhodi yokuNgcakaza nemiDyarho yeNtshona Koloni.

UMthetho wokuXhotyiswa okuNabileyo koQoqosho lwabaNtsundu (iBroad-Based Black Economic Empowerment Act), ka2003 (uMthetho wama53 ka2003) nemiGaqo ehlaziyiweyo

Lo mthetho uquka isikhokelo somthetho sokukhuthazwa kokuxhotyiswa kwabantsundu kunye ukuxhobisa uMphathiswa wezoRhwebo namaShishini ukuba akhuphe imigaqo yokusebenza kakuhle kunye nokulungiselela imiba ehambelana noku. Le Bhodi inyanzelisa iinjongo zomthetho nomgaqonkqubo wokuXhotyiswa okuNabileyo koQoqosho lwabaNtsundu ngokuthi abaninilayisenisi banyanzelise ukuba balandele imiqathango nemigaqo ebophelela iBhodi njengequmrhu likarhulumente.

ICompensation for Occupational Injuries and Diseases Act, (UMthetho weMbuyekezo ngoMenzakalo neZifo zaseMsebenzini) we130 ka1993)

Lo Mthetho useke isakhelo somthetho sokubuyekezwa ngokukhubazeka okubangelwe ngumenzakalo emsebenzini okanye isifo esifunyenwe okanye abosulelwe siso abasebenzi ngethuba beqhuba umsebenzi wabo okanye esokusweleka okubangelwe ngumenzakalo okanye izifo; kwanokulungiselela imiba enxulumene noko.

UMthetho ohlaziyiweyo woLawulo lweNtlekele, ka2002 (uMthetho wama57 ka2002) (iDisaster Management Act) kunye nemiGaqo yawo

Lo Mthetho ubeka umgaqosikhokelo wezomthetho ngokunxulumene nomgaqonkqubo wokulawulwa kweentlekele okusebenzisanayo nokulungeleleneyo nogxile ekuthinteleni okanye ekunciphiseni imingcipheko yeentlekele, ukuthomalalisa ubunzulu beentlekele, ukulungela iimeko zikaxakeka, ukujongana neentlekele okukhawulezayo nokuyimpumelelo kwakunye nokubuyela kwimeko yesiqhelo emva kwentlekele. Uthetha ngokusekwa kwamaziko olawulo lweentlekele kuzwelonke, kwiphondo nakoomasipala, nekufuneka abe nemigaqonkqubo egxile ekulungisweni nasekusebenzeni kwala maziko. Ukwathetha ngokuhanjelwaniswa kwemisebenzi yequmrhu iNational Disaster Management Advisory Forum ukwenzela ukulungiselela iSouth African National Platform for Disaster Risk Reduction (iQumrhu lokuNcitiswa kweNtlekele kuZwelonke eMzantsi Afrika).

UMthetho ohlaziyiweyo woBulungisa kwezeNgqesho (Employment Equity Act), 1998 (uMthetho wama55 ka1998)

Lo Mthetho usisikhokelo somthetho ojonge ekupheliseni ucalulo olungafanelekanga emsebenzini yaye ukwabeka iinkqubo ekufuneka zilandelwe nekufuneka ziqhutywe yiBhodi ukuphumeza ukuba abasebenzi abaqeshiweyo ibe ngabasebenzi beentlanga ezahlukileyo yaye babe bewazi nomsebenzi wabo bemele iintlanga zonke zeNtshona Koloni.

UMthetho weZiko lobuNtlole bezeMali, ka2001 (uMthetho wama38 ka2001) ohlaziyiweyo ("uMthetho weFIC")

Lo Mthetho weFIC waseka iBhunga eliCebisayo leZiko lobuNtlole bezeMali kunye noThutyelwezi lweMali ukuba lilwe nokuthutyelwezi kwemali kunye nokuxhaswa kwabanqolobi kunye nezenzo ezinxulumene noko. Ngokwalo mthetho, iBhodi liqumrhu lokuqwalasela, yaye abaninilayisenisi bayo bangamaziko athembekileyo. Lo Mthetho weFIC unika iBhodi imisebenzi namagunya amaninzi asemthethweni ekusebenziseni kwayo igunya layo lokuqwalasela ishishini lezongcakazo.

UMthetho woMgaqosikhokelo woNxulumano phakathi kwamaCandelo kaRhulumente (Intergovernmental Relations Framework Act), ka2005 (uMthetho we13 ka2005)

Lo Mthetho umisela umgaqosikhokelo karhulumente wesizwe, oorhulumente bamaphondo kunye noorhulumente bendawo ukuba bakhuthaze bekwaququzelela ubudlelwane bamacandelo karhulumente; ukunika iindlela neenkqubo zokuncedisana nokusunjululwa kweembambano ezikula macandelo karhulumente; kunye nokujongana nemiba ehambelana naleyo.

UMthetho ohlaziyiweyo wobuDlelwane phakathi kwabaQeshi nabaSebenzi (Labour Relations Act - i"LRA"), 1995 (uMthetho wama66 ka1995)

I-LRA ilawula ze ikhokele le Bhodi, njengomqeshi, ukuze ilandele amalungelo, imisebenzi kunye nezitratksha ezichongwe ngokwalo Mthetho; ngokwenjenjalo iqinisekisa ngozinzo nentando yesininzi emsebenzini.

UMthetho woNgcakazo kaZwelonke (iNational Gambling Act), ka2004 (uMthetho wesi-7 ka2004) kunye nemiMiselo yawo

Lo Mthetho ubeka ulwazi ekufuneka luboniswe ziiBhodi zongcakazo zesizwe nezephondo ngokunxulumene nemimiselo kunye nokulawulwa kongcakazo nemidyarho eMzantsi Afrika. Lo Mthetho, ukunye noMthetho woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (iWestern Cape Gambling and Racing Act), ka1996 kunye nemiMiselo yayo eye yaphunyezwa phantsi kwayo, ibeka umsebenzi ofanele ukwenziwa yiBhodi nengeQumrhu elibeke esweni ukulandelwa komthetho. Lo mthetho ukwalungiselela nemimiselo nemigaqo yongcakazo nemidyarho kwiRiphabliki xa iyonke.

UMthetho ohlaziyiweyo weMpilo noKhuseleko eMsebenzini (Occupational Health and Safety Act), 1993 (uMthetho wama85 ka1993)

Lo Mthetho ulungiselela impilo nokhuseleko lwabantu abasemsebenzini kwanempilo nokhuseleko lwabantu ngokunxulumene nokusetyenziswa kweepilanti noomatshini; ukukhuselwa kwabantu kwiingozi zempilo nokhuseleko ezibangelwa okanye ezinxulumene nasemsebenzini; kunye nokulungiselela imiba ehambelana noko.

UMthetho woMgaqosikhokelo soMgaqonkqubo wokuThengwa kwezinto kwabaThile (iPreferential Procurement Policy Framework Act), ka2000 (uMthetho wesi5 ka2000) kunye nemiMiselo yawo

Lo Mthetho usisikhokelo ekufuneka iBhodi isiphumeze ngokuthobela umyalelo woMgaqosiseko wokuba kuqhutywe umgaqonkqubo ovumela ukuba kuchongwe abathile xa kuthengwa izinto zeziko; kodwa lo nkqubo ibe nobulungisa, yenziwe elubala yaye ingasebenzisi mali ininzi.

UMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kuLwazi (Promotion of Access to Information Act - i"PAIA"), 2000 (uMthetho wesi2 ka2000)

IPAIA ibeka inkqubo esemthethweni ekufuneka zithathelwe ingqalelo zize zilungiselelwe ngayo izicelo zokufikelela kwiinkcukacha, yaye ikwaqalisa ilungelo lokufikelela kulwazi elinikwa ngumgaqosiseko. Lo Mthetho ukwasebenza nakumaziko aziinkampani zabucala okanye imibutho kunye namaqumrhu karhulumente.

UMthetho wokuKhuthaza uBulungisa kwezoLawulo (Promotion of Administrative Justice Act - iPAJA), 2000 (uMthetho wesi3 ka2000)

IPAJA yaphunyezwa njengomthetho kulandelwa icandelo lama33 loMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, kusenzelwa ukuphumeza ilungelo lolungiselelo lwaasezifisini olusemthethweni, oluvakalayo noluneenkqubo ezinobulungisa kunye nelungelo lokucela izizathu ezibhaliweyo malunga

neentshukumo ezithathwe yiofisi. Njengequmrhu likarhulumente, le Bhodi inyanzelekile ukuba ilandele imimiselo yokwenza izinto ngendlela ebonakalisa ubulungisa kumanyathelo athathwa yiofisi, ngokwendlela ebekwe kulo Mthetho

UMthetho ohlaziyiweyo woKhuselo lweNkcukacha zoBuqu (iProtection of Personal Information Act - iPOPI), ka2013 (uMthetho wesi4 ka2013)

Iinjongo zePOPI, phakathi kwezinye izinto, kukuphakamisa ukukhuselwa kweenkcukacha zobuqu ekusetyenzwa ngazo ngamaqumrhu karhulumente nawabucala; ukwazisa imiqathango ethile eyenzelwe ukumisela iimfuno ezingundoqo zokusebenza ngeenkcukacha zobuqu kunye nokulungiselela ukumiselwa komLawulizinzwe weNkcukacha ukuba asebenzise amagunya athile enze nemisebenzi ethile ngokwalo Mthetho. Eminye imigaqo yePOPI yaqala ukusebenza ngomhla we11 kuEpreli 2014. Icandelo lesi2 ukuya kwelama38; lama55 ukuya kwele109; le111; nele114(1), (2) kunye no(3) aqale ukusebenza ngomhla woku01 kuJulayi 2020 yaye icandelo le110 nele114(4) aya kuqala ukusebenza ngowama30 kuJuni 2021. Isiphumo soku kukuba onke amaziko makabe sele eyilandela iPOPIA ngomhla woku1 kuJulayi 2021.

UMthetho ohlaziyiweyo woLawulo lweMali kaRhulumente (iPublic Finance Management - i"PFMA"), ka1999 (uMthetho woku1 ka1999)

Le Bhodi liQumrhu likaRhulumente wePhondo elikuShedyuli 3C yaye ibotshelelwa yimigaqo yokulawulwa kwemali nebhajethi ngokwemigaqo ebekwe kulo Mthetho. Injongo ephambili yePFMA kukuqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, iiasethi namatyala amaziko namasebe karhulumente zilawulwa ngemfezeko nangempumelelo. IPFMA ilungiselela uxanduva lwabantu abajongene nolawulo lwemali kurhulumente kwanokulungiselela iimeko ezihambelana noko.

UMthetho woPhuhliso lweZakhono (iSkills Development Act), ka1999 (uMthetho wama97 ka1998)

Lo Mthetho unika umgaqosikhokelo weziko wokusungula nokuqhuba izicwangcisonkqubo zikazwelonke, ezecandelo kunye nezasemsebenzini ezizilwa ukuphuhlisa nokuphucula izakhono zabasebenzi baseMzantsi Afrika; ukunxibelelanisa ezo zicwangcisonkqubo ziphantsi koMgaqosikhokelo kaZwelonke weziQinisekiso zoQeqesho (iNational Qualifications Framework) ocaciswa kuMthetho waseMzantsi Afrika woGunyaziso lweziQinisekiso zoQeqesho (iSouth African Qualifications Authority Act), ka1995; ukulungiselela iinkqubo zokunika abafundi amava (iilearnership) neziya kukhokelela ekubeni abo bafundi bafumane iziqinisekiso zemfundo abanokuphangela ngazo; ukulungiselela uphuhliso lwezakhono ngokuthi kukhutshwe ingxowamali yerhafu yeegranti zokuxhasa uphuhliso lwabasebenzi kunye neNgxowamali kaZwelonke yoPhuhliso lweZakhono; ukulungiselela nokulawula iinkonzo zengqesho; kunye nokulungiselela iimeko ezinxulumene noku.

UMthetho weRhafu yoPhuhliso lweZakhono (iSkills Levy Act), ka1999 (uMthetho we9 ka1999)

Lo Mthetho ulungiselela ukunyanzeliswa kwerhafu yokuphuhlisa kwezakhono kunye nemiba enxulumene noko.

UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (uMthetho we108 ka1996)

Lo ngowona mthetho uPhezulu kweli lizwe yaye ubeka, phakathi kwezinye izinto, indlela yolawulo loMzantsi Afrika, indima noxanduva yamanqanqwa ohlukileyo orhulumente, amalungelo oluntu angundoqo abo bonke abemi yaye useka uluhlu lwamaziko aphantsi koMgaqosiseko.

UMthetho ohlaziyiweyo woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (iWestern Cape Gambling and Racing Act), ka1996 (uMthetho wesi4 ka1996) kunye nemiMiselo yawo

Lo ngowona mthetho ungundoqo ulawula imisebenzi namagunya olawulo ale Bhodi. Ukwabeka, phakathi kwezinye izinto, ukusekwa nemisebenzi yale Bhodi, uhlobo lweelayisenisi le Bhodi exhotyiselwe ukuba iziqwalasele ngokunjalo nemithombo yenkxasomali yale Bhodi. Ukwalungiselela nokunyanzeliswa kweerhafu ezisemthethweni kunye neemali ezihlawulwa ngabanini-layisenisi, ngokunjalo neentlawulo zesidelo zolungiselelo ezihlawulelwa ukungathobeli imigaqo.

7.3 Uxanduva ngokomgaqonkqubo

Western Cape Gambling and Racing Determinations, 1999 (IziGqibo zomGaqonkqubo woNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni, zika1999)

IziGqibo zalo Mgaqonkqubo eziphunyezwe liBhunga elilawulayo inika imiba enxulumene nalo mgaqonkqubo wokukhutshwa kwezintlu ezahlukileyo zeelayisenisi, imiba ekufuneka ithathelwe ingqalelo xa kufakwa izicelo kunye nemigaqo enyanzelekileyo yezinikimaxabiso zeelayisenisi zokuqhuba iikhasino. Ngowesi2 Julayi 2021, iNkundla ePhezulu ibhengeze isiqendu 1.1(b) seziGqibo zomGaqonkqubo zika1999, ezicacise ukuba ukukhetheka kommandla kweekhasino ezintlanu kweliPhondo akukho mthethweni, ngoko ke akusebenzi yaey kungenaziphumo. INkundla yaphinda yabhengeza ukuba isiqendu 1.1(c) no(d), ezicacisa ithuba leminyaka eli10 yokukhetheka elisebenza kwiilayisenisi zamashishini eekhasino ziphelelwe lixesha yaye azisasebenzi. INkundla yaphinda yaqinisekisa ukuba iBhodi igunyaziselwe ukuthathela ingqalelo izicelo zokuthutha kweekhasino ngokoMthetho.

8. UBUME BESTRAKSHA SEZIKO ELI

Ngokwangowama31 Julayi 2024

Amalungu eBhodi



Mnu. P Abrahams
UMphathi oyintloko

AbaLawuli abaphezulu





ICANDELO B:
linkcukacha Malunga Nentsebenzo

1. INGXELO YOMPHICOTHIZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZICACISWE

I-Auditor-General of South Africa yenza iinkqubo eziyimfuneko zokuphicothwa kweencwadi zengcaciso yentsebenzo ukunika ingqinisekiso efanelekileyo eya kuba ziingxelo zophicothozincwadi. Iziphumo zengxelo yophicothozincwadi ngentsebenzo zithelekiswa neenjongo ezibekwe kwangaphambili zibandakanyiwe kwingxelo eya kubalawuli.

Okufunyaniswe kwiinjongo ezibekwe kwangaphambili kuxelwe phantsi kwecandelo “leNgxelo yentsebenzo yonyaka” kwingxelo yomphicothizincwadi.

Jonga kwiphepha lama 95 lale Ngxelo yoMphicothizincwadi epapashwe njengeCandelo E: INgcaciso yezeMali. INgcaciso yezeMali.

2. AMAGQABANTSHINTSHI NGENTSEBENZO

2.1 IMEKO ENGGONGE UKUNIKWA KWEENKONZO

2.1.1 UKUQWALASELA KWEBHODI

IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (iWCGRB) liqumrhu elisemthethweni elisekwe ngokomthetho iWestern Cape Gambling and Racing Act. Mabini amanqanaba okuqwalasela imicimbi yeBhodi. Kwinqanaba likazwelonke, iNGB iqhuba uphononongo lokuqwalasela, ze kwinqanaba lephondo iBhodi inike ingxelo kwiOfisi kaNondyebo wePhondo kunye noMphathiswa wezeMali eNtshona Koloni. Iikomiti zokuBekwa eSweni yiPalamente yePhondo yiKomiti esisiGxina yezeMali, kunye neKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente.

I-WCGRB liqumrhu likarhulumente wephondo eliphantsi kweShedyuli 3C yePFMA nelinesithuba esikhethekileyo sokuba phantsi kweOfisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni njengesebe elijongene nayo. Oogunyaziwe bezongcakazo kula maphondo aseleyo asibhozo anika ingxelo kwiSebe loPhuhliso loQoqosho, nelinolona xanduva lwalo ikukuqhubela phambili uphuhliso loqoqosho ukwenzela ukuba kuzuze uluntu gabalala ze ngokwenjenjalo kudaleke amathuba ezoqoqosho.

2.1.2 AMAQELA ACHAPHAZELEKAYO

Njengequmrhu likarhulumente, iBhodi inoluhlu olubanzi lwabathathinxaxheba. Olu luhlu luquka uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni; uMphathiswa wezeMali, amaThuba ezoQoqosho nezoKhenketho eNtshona Koloni; iOfisi kaNondyebo wePhondo leNtshona Koloni; abaSebenzi beWCGRB; amaQumrhu aneeLayisenisi zoNgcakazo nokuBheja; uluntu lweNtshona Koloni; abaNiki beNkonzo; ezeNdalo kunye nabezoSasazo. UMphathiswa uDeidré Baartman unyulwe njengoMphathiswa wezeMali wePhondo ngowe12 Juni 2024. Umgaqonkqubo wamaqela achaphazelekayo eWCGRB ukhokela iindlela neenkqubo zokuxhasa iincoko ezakhayo ezibanjwa kunye namaqela achaphazelekayo.

IBhodi yoNgcakazo kaZwelonke iqhuba uphononongo lokubekwa esweni kweePLA ngokwemiba yezomthetho ebekwe kwiCandelo lama33, ifundwa kunye necandelo lama34 oMthetho woNgcakazo kaZwelonke (iNational Gambling Act). Ngokwamathuba okuncokolelana, iBhodi kufuneka ingenise kwiBhodi yoNgcakazo kaZwelonke ulwazi ngokunxulumene nezintlu ezahlukileyo zeelayisenisi eziqukwe kwiCandelo lama35 loMthetho woNgcakazo kaZwelonke.

Abanilayisenisi beBhodi banikwa ithuba lokuya kwiintlanganiso zeekomiti baze maxa wambi babizelwe nakwiintlanganiso zeBhodi ezibizelwe okuthile, ukuze babeke izimvo zabo kwiBhodi ngokunxulumene nelo candelo lifanelekileyo longcakazo. Uluntu gabalala lwamkelekile ukuba luye kwiintlanganiso ezivulelekileyo zebhodi zeWCGRB luze lubuze imibuzo luphakamise neenkxalabo zalo kwezi ntlanganiso.

Amanye amaqela achaphazelekayo eBhodi aquka iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke, iBhodi zoNgcakazo zePhondo, iOfisi kaNondyebo kaZwelonke, iSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano, abasemagunyeni borhulumente wendawo (oomasipala), ngokunjalo neearhente zonyanzelisomthetho.

IBhodi ikwasebenzisana kakhulu neSouth African Responsible Gambling Foundation (iSARGF) (iNgxowa yokuNgcakaza ngeNkathalo yaseMzantsi Afrika) ngokwamaphulo oqeqesho, ungenelelo lokunyangwa kokungcakaza okuyingxaki, amaphulo ophando eSARGF, ungcakazo oluyingxaki kunye neenkukachamanani ezinxulumene neenkqubo zokuzikhwebula kungcakazo.

2.1.3 IMEKO YEZOQOQOSHO

Ukungoneli kokunikwa kombane kusokolise uhlumo loMzantsi Afrika iminyaka emininzi. Ucimicimi wombane ojikelezayo uqale ngo2007 yaye uye waya uqina ukususela ngo2022. Elona thuba liphezulu loku kucima kombane ngenxa yalo cimicimi, othatha malunga neeyure ezimbini ukuya kwezine ngethuba ngalinye, lingaziintsuku ezingama289 ngo2023, zinyuka ukusuka kwezili157 ngo2022 nezingama48 ngo2021. Oku kuncipha kombane kumandla kuye kwaphazamisa izezo zoqoqosho kwaza kwanyusa iindleko zokusebenza kumashishini, uninzi lwaxhomekeka kwiijenereyitha zedizili ezibizayo. Kukwachaphazele nezinye iziseko ezingundoqo ezifana namanzi, iIT, kunye nokuhanjiswa kweenkonzo (zezempilo nemfundo). Nangona kuye kwakho utshintsho notyalomali olutsha olujongiweyo nokuqhutywayo, ucimicimi wombane kusalindeleke ukuba uqhube ubuncinane eminye iminyaka emibini.

Uhlumo oluhexayo kunye nobhubhane wekhovidi-19 ziyenze nzima ngakumbi imingeni yoqoqosho lwezentlalo. IGDP yoMzantsi Afrika izamile ukubuyela kumanqanaba angaphambi kobhubhane, kodwa amandla oku kubuyela kwimeko yangaphambili kuye kwalityaziswa ziingxaki ngeengxaki zobume beziko, kuquka ukungoneli kombane kunye nemiqobo yolungiselelo. Ubuyiselo lwengqesho kwimeko yesiqhelo kuye kwaqhuba ngo2023 (kongezwe imisebenzi engama790,000, nto leyo ikhokhelele kwizinga eliphezulu lengqesho ukodlula elo langaphambi kobhubhane), kodwa isantya sokudalwa kwemisebenzi asikhange sihambelane nobuninzi babantu abafuna umsebenzi, nto leyo ikhokhelele kwinani elikhulayo labantu abangaqeshwanga. Izinga lentswelangqesho limi kwi32,4% enyukileyo ngo2023, nalapho kuye kwaqhubeka nokuchaphazeleka kakhulu kwamabhinqa nolutsha. Ukungalingani kusaqhuba nokuba kwelona lizinga ehlabathini, ngelixa ubuhlwempu buye baqikelelwa kwi62,7% ngo2023, ngokusekelwe kwizinga lobuhlwempu lelizwe ngokubhekiselele kwingeniso ephezulu nephakathi, nto leyo ilibonisa lingaphantsi kancinane kwiqondo eliphezulu langethuba lobhubhane. Le ndlela luqhuba ngayo ikhuthaze iimfuno zoluntu ezikhulayo zenkxaso karhulumente, nezinokubeka emngciphekweni uzinzo lweemali zikarhulumente ukuba azifezekiswa ezi mfuno.

UMzantsi Afrika uthathe amanyathelo abonakalayo ukuphucula intlalontle yabantu bawo ukususela oko watshintshela kwidemokhrasi kumbindi woo1990, kodwa inkqubela yoko iye yangabonakalisi kushukuma kule minyaka ilishumi idlulileyo. Umyinge woluntu oluphila ngezantsi kwezinga lobuhlwempu lelizwe ngokubhekiselele kwingeniso ephezulu nephakathi wehle ukusuka kwi68% waya kwi56% phakathi kuka2005 no2010 kodwa uthe ukunyuka kancinane ukuya kwi57% ngo2015, yaye uqikelelwa ukuba uza kube ufike kwi62,7% ngo2023.

Ilingenzi yobume beziko kunye nohlumo olubuthakatha ziye zayifuthela kakubi inkqubela ekucutheni indlala, eye yenyuswa kakhulu ngubhubhane wekhovidi-19. Ukufezekiswa kwenkqubela kwentlalontle yamakhaya kuphantsi koxinzelelo olumandla olubangelwa lizinga eliphezulu lentswelangqesho, nelithe lafikelela kwi32,1% kwikota yesine ka2023, ngaphezu kwamazinga abehleli ephezulu kwangaphambi kobhubhane. Izinga lentswelangqesho eliku59,4% lelona liphezulu kulutsha olubudala buphakathi kweminyaka eli15 nama24.

Eminye imingeni yobume beziko ikwanyukile, kuquka ezothutho nolungiselelo, nezithe zehla ngenxa yolawulo olubuthathaka lwequmrhu likarhulumente uTransnet, ubusela, ukusengela phantsi, ezithe zasokolisa ukukwazi ukuthunyelwa ngaphandle kweemveliso zaseMzantsi Afrika.

UMzantsi Afrika usenoqoqosho oluntlantlumbini, nolunawona mazinga aphezulu okungalingani okungatshintshiyo ehlabathini, olunenkitho yosetyenziso lweGini khoefishiyenti engu0.67 ngo2018. Ukungalingani okukwizinga eliphezulu kuhlutshezwa yimbali yokuvallelwa ngaphandle, kunye nobume bohlumo loqoqosho, obungalwiyo nentluphe, nokungezi nemisebenzi emitsha. Ukungalingani kubutyebi kuphezulu nangakumbi, yaye ukudluliselwa kwabo kwezinye izizukulwana kuphantsi, nto leyo ithetha ukuba ukungalingani kudluliselwa kwizizukulwana ngezizukulwana yaye akukho tshintsho lutheni lubonakalayo ngokokuhamba kwamaxesha.¹

Ngaphandle kweemeko zoqoqosho ezikwizinga eliphantsi eMzantsi Afrika, ushishino longcakazo luye lwakhula kakhulu kwingeniso yemali efumaneke ngokungawini kwabangcakazi ngalo FY2023.

NgokweNkcukachamanani zeBhodi yoNgcakazo kaZwelonke zoFY2022/23:

- Kulo FY2022/23, iGGR yoshishino longcakazo yenze iR47.2 yeebhiliyoni, nto leyo ibonise ukunyuka nge37,0% ukususela kwixabiso lonyakamali odlulileyo obuyiR23.2 yeebhiliyoni.
- Onke amaphondo aye afumana uhlumo lweGGR kulo nyakamali upheleleyo, nalapho iNtshona Koloni ikhule nge42,9%.
- Ukukhula koshishino longcakazo kule minyakamali mithathu idlulileyo lukhokhelele ekubeni ingeniso

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

yalo ibe ngaphezu kweyeekhasino zatsho zanezabelo zoshishino ezingu50.3% xa kuthelekiswa ne36.8% yecandelo leekhasino.

- Iirhafu/iintlawulo ezifunyenwe lushishino longcakazo ziye kufikelela kwiR4.1 yeebhiliyoni ngoFY2022/23. Oku kunyuke nge28.8% kwiirhafu/ iintlawulo zonyaka ophelileyo ebeziyiR3.2 yeebhiliyoni.
- IGauteng (28.0%) kunye neNtshona Koloni (25.3%) zize nesona sixa sikhulu seerhafu/ seentlawulo xa kuthelekiswa namanye amaphondo.
- Ushishino longcakazo belusoloko lunyuka ngamazinga aphaya kwi7% phambi kobhubhane. Amazinga aphezulu okukhula onyaka kule minyaka mibini idlulileyo abonisa ukubuyela kwimo yangaphambi kobhubhane kunye nemfuneko yokubheja enyukayo.
- UFY2022/23 uzinzise ukuphala phambili kweshishini lokubheja kushishino longcakazo lwaseMzantsi Afrika, usandisa izabelo kushishino zalo ukuya ku50.3%, ngelixa ezinye iindlela ezintathu zisabelana ngale nxenye yoshishino iseleyo.

Ushishino longcakazo kwiNtshona Koloni lungenise ingeniso yemali efumaneke ngokungawini kwabangcakazi exabisa iR12.2 yeebhiliyoni kuFY2023. Oku kumele i25.8% yengeniso yemali efumaneke ngokungawini kwabangcakazi epheleleyo eyenziwe eMzantsi Afrika kuFY2023.

¹ IBhanki yeHlabathi

Kulo nyakamali uphela ngowama31 Matshi 2024, iBhodi iqokelele iirhafu neentlawulo zongcakazo ezifikelela kwixabiso leR1.5 bhiliyoni, nto leyo ibonisa ukunyuka nge40% ukususela kunyaka wangaphambili. Jonga kule theyibhile ingezantsi malunga nothelekiso lweminyaka ngeminyaka.

| Iirhafu neentlawulo eziqokelelweyo | 31 Matshi 2024 | 31 Matshi 2023 |
|--|----------------------|----------------------|
| Iirhafu zephondo | 1 500 271 079 | 1 072 707 983 |
| Iintlawulo zeelayisenisi zonyaka | 4 001 958 | 3 891 309 |
| Inzala, imidliwo nezidelo | 198 725 | 159 403 |
| Ixabiso elipheleleyo eliqokelelweyo | 1 504 471 762 | 1 076 758 695 |

Iirhafu eziqokelelweyo ngokunxulumene nemiDyarho yamaHashe nokuBheja kumele i65% yeerhafu zephondo, nalapho uninzi lwazo luvela ekubhejeni nakwimidlalo.

2.1.4 UXHOTYISO OLUNATYISIWEYO LWABANTSUNDU KWEZOQOQOSHO

Uxanduva lweBhodi kukulawula ushishino longcakazo ngokukhupha iilayisenisi zabantu namaqumrhu afanelekileyo ukuba akwazi ukuqhuba ungcakazo nemidyarho kweli phondo kwanokuqinisekisa ngokuba olu shishino luyayilandela imithetho yongcakazo kazwelonke neyephondo. Ngokusebenzisa inkqubo yokukhutshwa kweelayisenisi, iBhodi ilandela inguqu kwezoqoqosho noxhotyiso olunatyisiweyo, zinto ezo ziyimiba ephambili kurhulumente kazwelonke nowephondo.

IBhodi, njengengogunyaziwe oLawulayo nokhupha iilayisenisi, inyanzelwa ngumthetho ukuba inyanzelise imimiselo yeB-BBEE kolu shishino ilulawulayo ize ibeke iikhrayitheriya zokufaneleka kwabo bafuna iilayisenisi kunye neminye imiba edinga ukuvunywa ICandelo le10 loMthetho iBroad-based Black Economic Empowerment Act 53 ka2023 (Umthetho woXhotyiso oluNatyisiweyo lwabaNtsundu kwezoQoqosho) unika iBhodi amagunya okubeka iikhrayitheriya zokufaneleka ukunikwa iilayisenisi kunye neminye imiba edinga ukuvunywa kushishino longcakazo. IBhodi iqhuba uqwalaselo lwamaphulo abaninilayisenisi beB-BBEE, amanqanaba empumelelo nokulandelwa kweB-BBEE. Iikomiti zamacandelo eBhodi zisebenza njengeekomiti zokuphonononga nokucebisa iBhodi yaye zibeka esweni amacandelo ahlukileyo olu shishino ukuba ayayilandela na imiqathango yeelayisenisi ekhutshwe yiBhodi. Ngaphezulu, iWCGRB ibeka amanqanaba eethagethi zeB-BBEE zomnini layisenisi yokuqhuba ishishini kumacandelo ahlukileyo olu shishino longcakazo. Iimpumelelo zabanini beelayisenisi zeB-BBEE ziphononongwa rhoqo ngonyaka, yaye kubekwa imiqathango eyahlukileyo ngokokudingeka nokufaneleka kwayo. Oku kwenzelwa ukwandisa ukuxhobiseka, inguqu nokuphakanyiswa kwabantu ekujongwe ukuba bafumane inkxaso kwiinjongo zenguqu zikarhulumente.

Abaninilayisenisi abangabekelwanga bucala ekusebenziseni imiGaqo yeB-BBEE kufuneka baphononongwe rhoqo ngonyaka bephononongwa iarhente yojongozinga leB-BBEE ebhalisiweyo baze bangenise ezo zatifiketi zojongozinga kwiBhodi. Apho iithagethi okanye imiqathango yabaninilayisenisi zeB-BBEE zingafezekiswanga, loo mninilayisenisi kufuneka angenise iinkcukacha ezichacisa oko kungafezekiswa, yaye kufuneka ziquke neendlela eziza kusetyenziswa ukufezekisa elo zinga okanye loo thagethi ifunekayo.

Ukongeza kwiinjongo zeB-BBEE ezimalunga nenguqu, abaninilayisenisi benze izibophelelo ngezibophelelo zeebhidi ezibhekiselele kuTyalomali kuPhuhliso lweNtlalo kwimimandla eyahlukile nolukwalungiselelwe izenzo ngezenzo ezinxulumene naloo layisenisi ikhutshiweyo. Ezi zibophelelo zifakwe kwimiqathango yeelayisenisi yaye ziphicothwa rhoqo ngonyaka ukwenzela ukujonga ukuba ziyayilandela na imigaqo njengenxalenye yenkqubo yokuhlaziywa kweelayisenisi zeBhodi. Abaqhubi boshishino longcakazo abaneelayisenisi, abaqhubimashishini eekhasino kunye nababhejisi abaqaqajisela iinombolo baneeprojekthi zooTyalomali kuPhuhliso lweNtlalo ezinezicwangciso neenjongo ezilinganisekayo. La maqumrhu akwaqhuba kakuhle ngokubhekiselele kwisatiketi senqanaba leB-BBEE esikhutshwa ziiarhente zoqinisekiso ezibhalisiweyo.

Kwinqanaba likazwelonke, iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke yoMzantsi Afrika iqwalasela ize ipapashe idatha malunga nobume benguqu nokukhula koshishino longcakazo kwilizwe jikelele. Le datha ibonisa ukuba ngokwakuzwelonke nakwiPhondo leNtshona Koloni, umdla wezemali nobuninizabelo wolu shishino ugxile kumaqela aphantsi ambalwa anomdla kuwo onke amacandelo olu shishino longcakazo. Oku kuseka ulawulo oluphantsi kukandlunkulu kunye nokusetyenziswa kwemigaqonkqubo efanayo kuwo onke amacandelo oshishino longcakazo, endaweni yeendlela ezisetyenziswa kwimimandla. Oku kusebenza kwabanomdla okuba ngabaqhubi boshishino longcakazo abaneelayisenisi, nokuthathwa kwenxaxheba kuqoqosho okuphangaleleyo kwiziza zeeLPM kunye noshishino lokuba ngumbhejisi oqaqajisela iinombolo. Ekukhutshelweni ilayisenisi kwezinye iimo zokungcakaza emva kokuvunywa, iBhodi iza kudala imeko evumela ukusebenza nenika umfutho wokuxhotyiswa kwabo basafikayo kolu shishino kwanokunika iimo ezintsha zokuxhotyiswa okunatyisiweyo.

INkundla ePhakamileyo yeziBheno ibeke inkqubo enamanyathelo amane ekufuneka iyisebenzise ibhodi ekuphononongeni izibophelelo zeB-BBEE zabaninilayisenisi rhoqo ngonyaka. IBhodi iwugqibile umgaqonkqubo weB-BBEE omtsha, ikhokhelwa ziingqwalaselo zeNkundla. Oku bekudinga iingxoxo noshishino phambi kokuvuma kwalo kokugqibela ekuqhubeni ko2023/24FY ukuze lukhokhele indlela iBhodi eqhuba ngayo iB-BBEE kolu shishino. Lo mgaqonkqubo ubeka iinjongo zeB-BBEE zeBhodi ukwenzela ushishino longcakazo nemidyarho eNtshona Koloni yaye ukwabeka iinkqubo ekufuneka zenziwe rhoqo ngekota narhoqo ngonyaka, zibe zijonge ekufezekiseni iinjongo zeB-BBEE ngendlela elandela umthetho, elandela iinkqubo nekwanobulungisa kangangoko.

2.1.5 UKWANDISWA KOSHISHINO LONGCAKAZO

IBhodi yenze imiqathango yokwandisa amathuba ongcakazo eye yaqhutywa kwade kwangoku ngokuqukwa kwezinye iindlela zokungcakaza njengoko kubonisiwe kwiCandelo lama27 loMthetho. Oku kuquka ukukhutshelwa ilayisenisi kweendidi eziphezulu zabangcakazi, iBhingo nokuqhutywa kweLPM yoHlobo B, C noD. IBhodi isoloko iwuqonda umsebenzi wayo wokuthintela ukuhlutshezwa ngokugqithisileyo kongcakazo, umsebenzi wayo wokulungelelanisa imingcipheko neenzuzo zokungcakaza kunye nokuthathela ingqalelo yonke imidla yoluntu ekhuphisana noku kwanomfaki wesicelo selayisenisi. Ngoko ke iBhodi iqhube inkqubo yothathonxaxheba loluntu ngokumema uluntu namaqela achaphazelekayo ukuba bahlomle malunga nemfuneko yokwandiswa kweemo zokungcakaza. IBhodi iza kuqhuba nokukhokhelwa yimiqathango yemithetho efanelekileyo kunye nophando.

Xa kungoku zingama3,000 iiLPM ezikhutshelwe ilayisenisi zokuba ziqhube kwiPhondo. Ngenxa yoko, iBhodi iqhube ilayisenisi zeziko leLPM yoHlobo A, nto leyo ivumela abaqhubimashishini bamaziko baveze ukuya kutsho kwiiLPM ezintlanu (5) ekuya kudlala kuzo abangcakazi kwizakhiwo zazo zeziza zeeLPM ezineelayisenisi. Ilayisenisi zeziza zeeLPM zoHlobo B zivumela ukuqhutywa kweeLPM eziya kutsho kuma20 zize iiphemithi zeelayisenisi zeziza zeeLPM zoHlobo C zivumele ukuqhutywa kweeLPM eziya kutsho kwezingama40 kwisiza seeLPM esinelayisenisi. Ilayisenisi yeLPM yoHlobo D ivumela umqhubishishini wesiza ozimeleyo ukuba aveze iiLPM eziya kutsho kwezingama40 ekunokudlalwa kuzo. Ezi zintlu zeelayisenisi zeziza zeeLPM zikhokhelela ekubeni kufuneka okunye ukuvunywa okunemiqathango kunye notyalomali olukhethekileyo yaye zibekelwa iimfuno zolawulo ngokusebenza kwazo. IBhodi ibeka iindlela eziyimfuneko zokuncedisana nokuqhutywa kweziza zeeLPM zoHlobo B.

Ngaphandle kwenzuzo yezoqoqosho efunyanwa ngumnini welayisenisi kunye neerhafu zongcakazo ezingena kwiPhondo, ukwandiswa kwamathuba ongcakazo kudala amathuba emisebenzi, kudale ingqesho kuze kunike amathuba okuba abaqhubi bamashishini abatsha bangene kolu shishino longcakazo. Ngaphezulu, kukwayinzuzo kuluntu gabalala ngotyalomali kuphuhliso loluntu, iziseko ezingundoqo, uphuhliso noqeqesho lwabasebenzi, ukunikwa kwamava omsebenzi kubafundi kunye nokuboniswa amathuba emisebenzi.

2.1.6 IZINTO EZINTSHA KOLU SHISHINO

Ukubhejela ezemidlalo

Ukususela oko kuthe kwakho ubhubhane abantu namashishini baye baguqukela kurhwebo olwenziwa ngeintanethi kwaza kwasetyenziswa iikhompyutha kuninzi lwamacandelo. Oku kufuthele ukukhula korhwebo olwenziwa kwiIntanethi, noluye lwazinzisa ukukhula okugqithisileyo kwizenzo zokubheja kwiIntanethi, kwiselfowuni nakwifowuni. Abangcakazi bangabheja nokuba bakweyiphi na indawo bengadange baquqe kwindawo okanye iziko lokubheja. Ngokunxulumene noku, iBhodi iye yafumana ukuqokelelwa kwerhafu okukwizinga eliphezulu ngokunxulumene nkubhejela ezemidlalo kusetyenziswa ifowuni, iselfowuni neintanethi. Kuye kwakho ukwanda okukhulu kokubheja okuxhomekeke kokunye kunye nemidlalo yeemveliso zokubheja, nto leyo inika uluhlu olubanzi lokubheja okuxhomekeke kokunye okuthi unikwe ngamashishini abaqaqajiselizinombolo.

Imidyarho yamahashe

Kwehlile ukuthandwa kwemidyarho yamahashe njekubheja okuxhomekeke kokunye yaye iBhodi iqaphele ukwehla okuzinzileyo kwiirhafu zokubheja zolu hlobo lokubheja kule minyaka imbalwa idlulileyo, nokunxulumene nokubhejela ixabiso eliqokeleleneyo (ukubheja okuvulelekileyo) kunye nokubhejela amanani abekiweyo.

Umbhejisi usakhangela uluhlu lwezindululo ezitsha ezinokuba nefuthe elihle kwimidyarho yamahashe njengokubheja okuxhomekeke kokunye kwanokutsala umdla wabaxumi ukuba babuyele kwiindawo zemidyarho njengendawo abayikhethayo.

Ukungcakaza nabanye kwiIntanethi

Ukwanda korhwebo kwiIntanethi okwenzeka apha nakumazwe ngamazwe kuxhasa isiphakamiso sokuba kwenziwe kube semthethweni kuze kulawulwe ukungcakaza nabanye kwiIntanethi. UMzantsi Afrika usaqhubeka nokulandela imithetho evalela ukungcakaza nabanye kwiIntanethi okanye ukungcakaza kwiIntanethi. Oku kuthetha ukuba akukho ndlela zimbi zisemthethweni ezilungiselele uluntu olunokuthatha inxaxheba kungcakazo olungekho mthethweni namashishini angenazilayisenisi nanganyanisekanga. La mashishini angenazilayisenisi akahlawuli rhafu, akabotshelelwa ziimfuno zongcakazo olunenkathalo yaye akadali ngqesho iphathekayo. Amashishini aneelayisenisi ayanyanzeleka ukuba akhuphisane namashishini aqhuba ngokungekho mthethweni, yaye oku kwenza kube nzima kakhulu ukuwavala umphelo amashishini angekho mthethweni aqhuba kwiIntanethi. Urhulumente unoxanduva lokubamba avale abo baqhuba amashishini ongakazo olungekho mthethweni, yaye iBhodi inawo amanyathelo abonakalayo ethe yawathatha malunga noku.

Abanimashishini abaneelayisenisi bajongwa ukufaneleka kwabo ngenkqubo yokunikwa kweelayisenisi ekhangela yonke into, ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ushishino longcakazo olusemthethweni alunarhwaphilizo nazenzo zingekho mthethweni. IBhodi ifake iziphakamiso kubaqulunqi bemigaqonkqubo benqanaba likazwelonke bezakuzela ukuba kubekho iindlela ezibekwayo zokukhutshelwa iilayisenisi nokulawulwa kongcakazo oluqhutywa nabanye kwiIntanethi. Umthetho osayilwayo iRemote Gambling Bill (B11-2024), uye waziswa kwiNdlu yoWisomthetho yePalamente ngowe16 Epreli 2024. Injongo yaloMthetho uYilwayo kukunika iziseko zomthetho zokulawulwa kozinzo nokubekwa emgaqweni kwazo zonke izenzo zongcakazo kwiIntanethi kwanokuqinisekisa ngabalawulizinziso bongcakazo kwiIntanethi abaneleyo nabasebenzayo kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika.

ImiThetho eYilwayo esadraftwayo/ imiQathango yemiGaqonkqubo

Iisathathelwa ingqalelo yiWCPT imiThetho eYilwayo yoHlaziyo esadraftwayo elungiselela ukuthuthwa kweekhasino eziseNtshona Koloni. URhulumente wePhondo uqhuba uphononongo lomGaqonkqubo, olunokuza nokuvunywa kwabalawulizinziso bomGaqonkqubo wokukhokhela ukukhutshwa kweelayisenisi nokuqhutywa kweemo zongcakazo kweli Phondo.

INkundla ePhakamileyo ibhengeze amacandelo athile emiQathango yomGaqonkqubo njengangafanelekanga yaye engenasinyanzeliso nafuthe, gnelixa amanye ephelilewe lixesha. Esi sigwebo sivule indlela yokuba abaqhubi bamashishini eekhasino bafake izicelo kwiBhodi becela ukuthutha besuka kwezo ndawo banazo zineelayisenisi baye kwezinye iindawo nanjengoko uphelelwe umgaqo othi kufuneka kubekho ikhasino enye kuwo ngamnye kule mimandla mihlanu yeli Phondo. Ukususela ngoko iBhodi sele ifumene isicelo sokuthutha kwenye ikhasino ebisecaleni iye kumbindi wedolophu. IBhodi iyigqibile inkqubo yothathonxaxheba loluntu yaye ikwinkqubo yokuthathela ingqalelo esi sicelo.

Amaphulo ophando

NgokweCandelo 12(19) loMthetho, iBhodi inazo izakhono zokuqhuba uphando nokuphanda ngokuxulumene nongcakazo kwiphondo gabalala.

I-WCGRB ithathe isigqibo sokunika inkampani yangaphandle uphando olumalunga nokuxhaphaka kongcakazo ePhondweni, izehlo zongcakazo oluyingxaki kunye nokuqwalasela iindlela zolawulo lokudlala zabaninilayisenisi. Inkampani yokwenza oku sele ichongiwe ukuba iqhube uphando ekujongwe ukuba luggitywe ngowama31 Janyuwari 2025.

Kuza kuphandwa malunga nale miba ilandelayo:

- (i) Ifuthe loqoqosho lwentlalo kungcakazo eNtshona Koloni.
- (ii) Izinga lokusetyenziswa ngokugqithisileyo, ukuxhaphaka kongcakazo kunye nefuthe lamathuba ongakazo oluneelayisenisi.
- (iii) Ukuveza okanye ukuhlola izixhobo zokunciphisa ukulimaza kunye neendlela zolawulo lokudlala zabaninilayisenisi; kunye
- (iv) Nefuthe lokunciphisa ukulimaza okanye ukunikwa kwezixhobo zongcakazo olunoxanduva ukwenzela ungcakazo olunoxanduva.

NjengomLawulizinz, iBhodi kufuneka icinge malunga nokuqhutywa kwezinye iindlela zongcakazo kunye nokwandiswa koshishino ngendlela enoxanduva enqanda ukungahluphezwa ngokugqithisileyo kokufuneka kongcakazo olungafumanekiyo. Isiphumo solu phando siya kufuthela ukuthatha izigqibo kweBhodi ngokunxulumene nokuvunywa kweelayisenisi ngokunjalo nendlela iBhodi ejongana ngayo nokupheliswa kongcakazo olungekho mthethweni kwakunye namaphulo ongakazo olusemthetheni.

Ungcakazo olusemthethweni

Umngcipheko wokuba umntu abe ngumngcakazi oyingxaki ayithathelwa ngqalelo, kodwa sisiphumo esaziwayo songcakazo olusemthethweni. IBhodi iza kusebenzisa amaphulo ngamaphulo ukuqhuba nokusebenzisa ugxiliso olwandisiweyo kungcakazo olunenkathalo phantsi kweliso leKomiti yoNgcakazo oluneNkathazo. Kulo nyaka udlulayo uluntu lubonakalise ukuyiqonda kakhulu inzuzo yongcakazo olunenkathalo olukhatshwa ziingozi nokulimaza okunxulunyaniswa nongcakazo oluyingxaki, yaye zikhona izixhobo ezilungiselelwe abantu abadinga uncedo. Abaninilayisenisi bacetyiswa ukuba baziqonde izalathi zokulimaza ukwenzela ukuba abo banokuba ngabangcakazi abayingxaki kwanabadlali abangumngcipheko baqatshelwe kusekwangoko. Nangona inkqubo yokuzikhuphela bucala kungcakazo iyindlela yokuncedisana nabangcakazi abayingxaki kuba iza kunciphisa ufikelelo kumaziko aneelayisenisi, injongo yeBhodi kukufundisa uluntu gabalala ngokunjalo noluntu oludlala kungcakazo ukwenzela ukuba bangadebafikelele kwithuba lokuba bade bazikhuphele bucala kungcakazo.

Ngokwenani labazikhuphela bucala kungcakazo kulo nyakamali xa kuthelekiswa nonyaka ongaphambili, kungasemxholweni ukucingela ukuba amaphumo okukhuthaza ungcakazo ngenkathalo eBhodi afikelele kwimpumelelo ethile. Kunyakamali ka2022/23, isiGqeba esiLawulayo seBhodi sichophele izicelo zokuzikhuphela bucala kungcakazo ezingama34. Kulo nyakamali ka2023/24, isiGqeba esiLawulayo seBhodi sichophele izicelo zokuzikhuphela bucala kungcakazo ezingama72, nto leyo ibonisa ukunyuka ngama53% ukususela kunyaka obungaphambili.

Ithemba lelokuba umthetho wongcakazo ngenkathalo, ekufuneka ube usebenza ngoFY2024/25, uya kuqhubela phambili iinzame zokulwa nokungcakaza okuyingxaki ezenziwa yiBhodi.

2.1.7 AMAPHULO OKUZAZISA EBHODI

Ngokwesindululo soMthetho, kuthathwa ngokuba amathuba okungcakaza nemidyarho eza nemingcipheko nobungozi obuthile kubahlali bePhondo leNtshona Koloni, nto leyo ibonisa ukufaneleka kokubekwa kwezithintelo nolawulo olufanelekileyo. Ngoko ke kubalulekile ukuba iBhodi ifundise uluntu malunga nobungozi bokungcakaza yaye idinga abaninilayisenisi ukuba bamkele iindlela zongcakazo olunenkathalo.

IBhodi iyaqhuba nokukhulisa ulwazi malunga nenjongo kunye noxanduva lwayo njengeBhodi, iimo zokungcakaza ezisemthethweni, ungcakazo oluyingxaki kunye neenkonzo ezifumanekayo zokuxhasa abantu abazibona belinyazwa lungcakazo, ngokunjalo nokungcakaza okungekho mthethweni, ukuze uluntu luzixele ezi zenzo.

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

Kulo nyaka uphononongwayo, iBhodi iqhuba iinkqubo zamaphulo okuzazisa ezine (4). Iinkqubo zokuzazisa ziquke amaphulo aqhuba kumaqonga onxibelelwano, amaphulo aqhutywa kunomathotholo, ukwabelana ngolwazi kusetyenziswa amaphephandaba ngokunjalo neengxoxo eziqhutywa phakathi kwabantu, maphulo lawo aqhutywe kusetyenziswa neNkqubo yeThusong.

Njengenxalenye yeAPP yeBhodi yoFY2023/24, iBhodi igqibe ekubeni iququzelele iSamithi yoNgcakazo oluneNkathalo ngoNovemba 2023. Injongo yale Samithi ibikukhuthaza ukungcakaza okukhuselekileyo ngokudibanisa iinkokheli zoshishino ezinjongo yazo ikukuqhuba utshintsho olwakhaya kungcakazo olunenkathalo kusetyenziswa iingxoxo eziphathekayo, uphando nokwabelana ngolwazi.

Le Samithi ibizinyaswe ngabathunywa abamalunga nama200 abasuka kuRhulumente weNtshona Koloni, amalungu eNdlu yoWisomthetho yeNtshona Koloni, abaNinilayisenisi zokuNgcakaza nokuBheja abakhutshelwe iilayisenisi yiBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni, iQumrhu loNgcakazo oluneNkathalo loMzantsi Afrika, umbutho iSouth African Bookmarkers Association, uGunyaziwe wemiDyarho yamaHashe kaZwelonke woMzantsi Afrika, iNkonzo yesiPolisa yaseMzantsi Afrika, iiLebhu zoVavanyo, umbutho iSouth African Gambling Manufacturers Association, amalungu ecandelo lezomthetho ngokunjalo noluntu.

Ngaphezulu, iBhodi iye yamkela abathunywa abavela kwezinye iibhodi zongcakazo zaseAfrika, ezifana noGunyaziwe wezoNgcakazo waseBotswana, iBhodi yoNgcakazo yaseNamibia kunye neBhodi yeLotho yaseNamibia,

IBhodi imeme abaninilayisenisi ukuba bathathe inxaxheba kule Samithi nanjengoko ungcakazo olunenkathalo ingumsebenzi wokubambisana kweBhodi nabaninilayisenisi. Ngenxa yoko, iBhodi ifumene inkxasomali efikelela kwiR846,500, nalapho iR677,000 ibimele iintlawulo ezihlawulwe ngesandla. Imali eseleyo eyiR169,500 ibimele inkxasomali yendawo yeSamithi ethe yanikelwa simahla.

Le Samithi ifezekisile iziphumo ebedingeka yaye iBhodi ikwinkqubo yokufezekisa izindululo ezivele kule Samithi.

2.1.8 UKUPHELISWA KONGCAKAZO OLUNGEKHO MTHETHWENI

Kulo nyaka uphononongwayo kubekho izityholo ezingama80 zongcakazo olungekho mthethweni, neziye zaxelwa kwiBhodi. Iinkcukacha zezi zityholo zicaciswe apha ngezantsi:

- Izityholo ezingama80 ziye zaphandwa ngokupheleleyo zingaphelanga iintsuku ezingama30;
- Izityholo ezingama52 ziye zaqinisekiswa njengamaziko ongcakazo olungekho mthethweni; zaza
- Izityholo ezingama28 zangabi nasihlahla.

IBhodi idlulisa umbulelo wayo kwiSAPS, kwiiarhente zonyanzelisomthetho zephondo kunye namaqumrhu esipolisa sasekuhlaleni, ngoncedo lwabo kulo nyaka uphononongwayo. Ngaphandle koncedo lwala maqela, iBhodi ibingayi kukwazi ukusiphula ngempumelelo ungcakazo olungekho mthethweni eluntwini.

2.1.9 UTYALOMALI KUPHUHLISO LWENTLALO

I-WCGRB liqumrhu likarhulumente wephondo eliphantsi kweShedyuli 3C yePFMA nelingakwaziyo ukuzimela ngokwezemali yaye ixhomekeke kwiigranti zikarhulumente ukuze ikwazi ukuxhasa ibhajethi yayo.

I-WCGRB inikezela ngeentsalela zemali yayo kuNondyebo wePhondo leNtshona Koloni, ngoko ke ayiyizigcini imali eziseleyo, ngaphandle kokuba iBhodi icele ukugcina imali eseleyo iyigcinela injongo ezithile. Ngoko ke, iWCGRB ayikwazi ukusebenzisa ibhajethi yayo ukuhlawulela nawaphi amaphulo otyalomali kuphuhliso loluntu.

Noko kunjalo, iWCGRB iyafuna ukuba ushishino longcakazo luwaxhase ngemali amaphulo otyalomali lophuhliso loluntu kwiindawo ngeendawo efanekisa kuzo. Ngenxa yoko, iWCGRB isebenzisa abaninilayisenisi bayo ukuxhasa amaphulo eeCSI ayo ize iqhuba izihlandlo zotyalelo kumaziko eCSI ukwenzela ukuhlola impumelelo yeeprojekthi zeCSI yaye ikhuthaza ukuxhaswa ngemali kweeprojekthi ezizinzileyo.

2.1.10 ITEKNOLOJI NOLWAZI

Izenzo zotshintsho zeteknoloji, ngakumbi ngakwiICT, zithathwa njengezona zinto ziphambili ekuqhubeni utshintsho olujolise kwezeteknoloji, ezentlalo, ezogeqesho nezenkcubeko. Izenzo zotshintsho zeICT zifuthele utshintsho olukhawulezayo zaza zawatsalisa nzima amaziko malunga nendlela anokujongana nayo nezenzo zoshishino zesiqhelo.

Iminyeni ekhethekileyo ajamelene nayo amaziko kwihlabathi jikelele isafuna ukuphononongwa ngokutsha kweendlela ezilandelwayo ngokuthi kuthathelwe ingqalelo ezinye iindlela zokwenza ukuba ushishino luqhubeke. Ukuxhomekeka okumandla embaneni, iteknoloji yedijithali, inguqu nonethiwekhi zinefuthe kukomelela, ubuthathaka, amathuba nemingcipheko yamaziko. Njengokuba kunyuka ukwanda kokusetyenziswa kweintanethi, izixhobo eziqhagamshelweyo kunye nezinto eziqhagamshelene kwiIntanethi, uyakhula nomngcipheko wofikelelo olungagunyaziswanga kwiinkcukacha ezikwiIntanethi. Ngoko ke kuza kukhula ukufuneka kweemveliso zokhuseleko lweIT, iisofware, iinkonzo namava ziza kufuneka.

IsiGqeba esiLawulayo seBhodi khange sisinde kwezi ngxaki, kwaza kwafuneka ukuba sihlale ukukwazi kwaso ukuqhuba nokusebenza. I-WCGRB iqhubile nokomeleza amandla ayo enethiwekhi ukwenzela abasebenzi bayo abakwiindawo ngeendawo, ukunikwa kombane okuphucukileyo, iindlela zokulwela ukhuseleko lolwazi nolwendawo, yaxhobisa abasebenzi ngezixhobo eziyimfuneko ukuze bakwazi ukusebenzela ekhaya (iWFH), yaqinisekisa ngofikelelo kwiIntanethi olukhuselekileyo kusetyenziswa iintanethi zabucala ukufikelela kwinethiwekhi yeWCGRB, isistim yokuvulisa, izixhobo zokusebenzisana kunye namaqonga edijithali. ImiGaqonkqubo yoKhuseleko nesiFungo sobuMfihlo seWCGRB, iNdlela yokuziPhatha eYamkelekileyo kunye neCandelo le17 nele19A eWCGRA adluliselwe kubo bonke abasebenzi ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ulwazi neenkukacha zikhuselekile.

Ngaphandle kokuba abasebenzi beWCGRB benziwe bakwazi ukwenza imisebenzi besebenzisa iIntanethi, ukuqhuba iintlanganiso zeWCGRB ngokuqhagamshelana ngeevidiyo kwiIntanethi, ukukwazi ukuba kubambiswano kunye nonxibelelwano zizinto ezisakhubayo ukwenza iimeko zomsebenzi osasaziweyo ukwazi ukwenzeka. Oku kuvumele ukuba kukwazi ukuqhutywa neentlanganiso zeBhodi, ezeeKomiti nezamasebe, ukwabelana ngolwazi, inkxaso eyenziwa ngeintanethi kunye noqeqesho lwabasebenzi. Unxibelelwano namaqela achaphazelekayo kuye kwaqhubeka nokwenziwa ngefowuni, ngeimeyile kwanageentlanganiso ezenziwa ngeevidiyo eziqhagamshelane kwiIntanethi.

IKomiti yezeMali neIT, kuquka neKomiti yoPhicothozincwadi nemingcipheko, zinoxanduva lokuqwalasela ukusebenza ngokukuko nangempumelelo kwezixhobo ziiCT zeBhodi. Iingxelo zangaphakathi zekota ezimalunga neICT nophicothozincwadi ziye zathiwa thacha kwiikomiti ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ngokuba neendlela ezisebenzayo zokugcila ulawulo kunye nokhuseleko lwangaphakathi lweICT. Imingcipheko kunye nolawulo olunxulunyaniswa nokusebenza kweICT yangaphakathi zibandakanywe kuLuhlu lwemiNgcipheko yeBhodi zaza zalawulwa ngokufanelekileyo. Izenzo zeICT ziye zasingathwa kusetyenziswa iService Desk Management System yeWCGRB, ngelixa isebe leICT liye laqhuba ulungiso lwesiqhelo lisebenzisa imethodoloji esasaziweyo.

Inkalo yogxiliso eqhubekayo yeBhodi kusebenzela kwayo ukuya kwinkqubo yokuzenzekela koshishino yaye isistim yethu yokuzenzekela koshishino eyenziwe yedijithali, nebizwa ngokuba yiGenesis, iqhubile nokulwenza olu shishino lukwazi sebenzisa iIntanethi ukungenisa izicelo zeelayisenisi zokungcakaza. Ukukhula kweteknoloji kuqhubile nokuza neendlela ezintsha zotshintsho kungcakazo yaye ukubhejela ezemidlalo kwiIntanethi kubonakalise ukukhula. Ukubheja kwiIntanethi kunyuke kakhulu kule minyaka mithathu idlulileyo, xa kuthelekiswa nezinye iintlobo zongcakazo ezifana neKhasino, iiLPM noomatshini bokubheja. Abalawulizinzobu kufuneka baqinisekise ukuba baqeqeshwe ngokwaneleyo yaye benabasebenzi abaneleyo bokusingatha utshintsho oluza neteknoloji olunabileyo noluhqubekayo.

2.1.11 UKUHANJWA KWEENKOMFA

Enye yeenjongo zeBhodi kukuzigcina isazi malunga nezinto ezintsha ezichaphazela ushishino longcakazo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iBhodi iyazi malunga nokukhula kweteknoloji okuqhubekayo kolu shishino, nokuquka noko kuhlawulwa ngabadlali. Ukuhamba iinkomfa zamazwe ngamazwe kubeka iBhodi ethubeni lokuthelekisa imigaqonkqubo neenkqubo ezilandelwayo zangoku kunye neendlela zokwenza ezisebenzayo zamazwe ngamazwe.

Iinkomfa ezihanjwayo zigxila ngokukodwa kwimiba enxulumene nolawulo, uxanduva loluntu kunye neemveliso ezintsha/ imidlalo emitha efumanekayo nenokuziswa eMzantsi Afrika kungekudala. Ngumba owaziwayo owokuba iteknoloji isoloko iphala phambili kunemithetho yaye iBhodi ithat eli thuba lokuya ezinkomfeni ukwenzela ukuqinisekisa ukuba lo msantsa uyavalwa ngendlela ethile ikwaqinisekisa nokuba iNtshona Koloni ihlala isenza okuhambelanayo nesantya sehlabathi.

Ungcakazo olunenkathalo kunye nongcakazo oluyingxaki yimiba isiGqeba esiLawulayo seBhodi esingathanda ukugxininisa kuyo nanjengoko ifuthela uluntu ngokungqalileyo. Lo ngumba osisigxina kwezi nkomfa nalapho izithethi zinika ingxelo malunga neendlela ekusetyenzwa ngazo ngoku, uphando kuney neziphumo zophando, ngokunjalo nezinto ezintsha kule nkalo. Ushishino longcakazo lolunye

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

Iwamashishini asoloko enotshintsho yaye ukuya kwezi nkomfa kwakunye nokwakha ubudlelwane noogxa bamazwe ngamazwe akupheleli nje ekunikeni iinkcukacha ezibalulekileyo, koko kukwaphucula nesithunzi kunye nendlela ebonwa ngayo iBhodi. Emva kwenkomfa yamazwe ngamazwe nganye kuye kuqulunqwe ingxelo ecacisiweyo equka inzuzo nexabiso elifunyenwe kuloo nkomfa, ize loo ntxelo ingeniswe kwiOfisi kaMEC.

2.1.12 IIMFUNOZE-KINGIVEZIMALUNGA NOLWAZISOLWEENKCUKACHAEZINOKUPHEMBELELA UTYALOMALI NGOKUBHEKISELELE KULAWULO LWAMASHISHINI:


Ngokweemfuno zeKing IV, kufuneka iBhodi yazise malunga neenkukacha ezithile ezinokuphembelela utyalomali, ngokunxulumene nolawulo lwamashishini. Ingxelo yeKing IV yeBhodi iyafumaneka kwiwebhusayithi yebhodi apha www.wcgrb.co.za.

2.1.13 IMEKO ENGGONGE UKUZISWA KWEENKONZO

Ngowama31 kuMatshi 2024 ushishino longcakazo nemidyarho esemthethweni eNtshona Koloni, nolukuqa ummandla ophelileyo weNtshona Koloni belukuqa:

| Isenzo seeLayisenisi | 31 Matshi 2024 | 31 Matshi 2023 |
|--|---|--|
| likhasino ezineelayisenisi | 5 | 5 |
| Abaninilayisenisi bamashishini eematshini ezikhupha imali engadluliyo kwixabiso elithile | 2 | 2 |
| Abaqashiselizinombolo abaneelayisenisi | 64 | 58 |
| Umatshini wokubheja onelayisenisi | 1 | 1 |
| Iindawo ezineelayisenisi | 702 (IiLPM ezingama486 Abaqaqajiselinombolo abali171 Oomatshini bokubheja abangama45 | 702 IiLPM ezingama488 Abaqaqajiselinombolo abali160 Oomatshini bokubheja abangama54 |
| Izixhobo zokungcakaza ezinelayisenisi | 6 834 | 6 798 |
| Iilayisenisi zabasebenzi* | 6 480 | 6 265 |

*IBhodi iphendula kuphela ezo zicelo zifunyenwe kolu shishino.



Ukunaba kweeNdawo zamaShishini okuNgcakaza aneeLayisenisi

| Iindawo | 1 IsiXeko saseKapa | 2 Eden | 3 Cape Winelands | 4 Overberg | 5 West Coast | 6 Central Karoo |
|-------------------------------|--------------------------|-----------|------------------------|---------------|-----------------|-----------------------|
| Iikhasino - 5 | 1 | 1 | 1 | 1 | 1 | 0 |
| IiNdawo zeLPM - 486 | 344 | 59 | 15 | 23 | 44 | 1 |
| Abaqashiseli -zinombolo - 171 | 149 | 6 | 11 | 1 | 4 | 0 |
| Oomatshini bokubheja - 45 | 38 | 2 | 4 | 0 | 1 | 0 |

2.2 IMEKO NOBUME BEZIKO

Ngokwangowama³¹ kuMatshi 2024, uMphathiswa wezeMali namaThuba ezoQoqosho ubechonge amalungu eBhodi asixhenxe (7). Kuye kwagcwaliswa izithuba zengqesho ezingamashumi amathandathu anesihlanu (65) kwizithuba zengqesho ezivunyiweyo ezingamashumi asixhenxe anesine (74). Isaqhuba inkqubo yokuqeshwa kwabasebenzi kwizithuba ezingundoqo.

Ukungoneli kwabasebenzi kwiWCGRB kusoloko kuyinkxalabo enkulu. Ubume beziko obukhotyo abunaluthsintsho lutheni ukususela oko kwasekwa iBhodi nangona ushishino longcakazo lusanda unyaka ngamnye. IBhodi igqibe ekubeni ubume beziko buphonongwe ukwenzela ukuqinisekisa ngobume beziko obusebenzayo. Ubume beli ziko buya kuchatshazelwa sisigqibo seBhodi sokwandisa izingamashumi ezingenziwayo apha eNtshona Koloni. Abasebenzi abakhoyo abanelanga ukuba bangasingatha iimfuno zokusebenza okanye umthamo owandisiweyo wezicelo zeelayisenisi. Ngokunxulumene nabasebenzi abongezelelweyo abanokufuneka, iBhodi iqhube uphononongo loBume beziThuba zeZiko ukwenzela ukujonga iimfuno zokusebenza zeBhodi zangoku nezexa elizayo.

Emva kokuphononongwa kobume bezithuba zeziko zeWCGRB ezisekelwe kwimfuno yoshishino longcakazo eyandayo nenabayo, iBhodi ivume ezinye izithuba ezingama³². Ezi zithuba azikafakwa kwibhajethi okwangoku yaye akukho ngqesho inxulumene nezi zithuba inokuqalwa zide zibe zinebhajethi. Inkqubo yoPhononongo loBume beziThuba zeZiko ikumanqanaba ayo okugqibela. Emva kokugqitywa kwayo kuza kucelwa ukuvunywa kokuqhutywa kwesiphumo sophononongo.

IBhodi isaqhuba nokufezekisa amaphulo ongenelelo abekwe kwisiCwangciso sokuFezekiswa koTshintsho lweNdlela yokwenza kwiZiko nakubuNkokheli. Esi sicwangciso sinezenzo ezicacileyo ezishumi elinesibini (12) nezidinga ukusingathwa ngabasebenzi nabalawuli engedlulanga amaxesha athile. Ezi zenzo ziquka ukukhuthazwa kweenkcubeko ezahlukileyo kunye nendlela eluqilima ekhuthaza utshintsho.

2.2.1 INDAWO YEEFISI

Kuba izama ukonga imali, iWCGRB iye yathuthela kwii-ofisi zayo ezintsha nangona zingekagqitywa ukuzibe nokusetyenziswa zonke. Ngokwemvume efunywenwe kwisebe ebelisakuba lelezoThutho nemiSebenzi kaRhulumente, yokuba liza kuncedisa iWCGRB ekulungisweni nasekuhlaziyweni kwesi sakhiwo sayo sitsha, iWCGRB iye yazihlehlisa iinzame zayo isenzela ukulinda olu ncedo iluthenjisiweyo. Esi sakhiwo sitsha besinefenitshala yethutyana silungiselelwe abantu abangamashumi amathathu anesibini abatshintshisanayo ngokuya emsebenzini ngokommiselo wokusebenzela ekhaya nokusebenzela eofisini. Le ndlela yokwenza iye yayimpumelelo njengendlela yethutyana ukuze iWCGRB ikwazi ukuqhuba nokwenza umsebenzi ewumiselweyo.

Emva kokwaziswa ukuba eli Sebe langoku leziSeko ezinguNdoqo alizukwazi ukuyincedisa iWCGRB ngesakhiwo sayo, iWCGRB iye yaqhuba nokusebenzisa esi sakhiwo ngale ndlela yangoku ngelixa ilandela inkqubo yeSCM yokukhangela iinkampani zokunika iinkonzo zokulungisa nokuhlaziya esi sakhiwo. Kulindeleke ukuba ukulungiswa nokuhlaziya kwesi sakhiwo kuya kugqitywa ngowama³¹ Matshi 2025, nalapho iWCGRB iza kusebenza ngokupheleleyo.

2.2.2 IINDLELA ZOKUBA SEMPILWENI NOKHUSELEKO EMSEBENZINI

Umthetho iOccupational Health and Safety Act (iOHASA) ibekela umqeshi uxanduva lokunika nokugcina kangangoko imeko esempilweni yasemsebenzini ekhuselekileyo nengenamngcipheko kwimpilo yabasebenzi bakhe. Ukuqinisekisa ngokulandelwa kweOHASA, iBhodi iye yaseka iKomiti yokuba seMpilweni noKhuseleko eMsebenzini (iKomiti yeOHASA), enabameli abasuka kuwo onke amasebe. Le komiti ixhotyisiwe ngezixhobo eziyimfuneko ukuze ikwazi ukuwenza ngempumelelo umsebenzi wayo.

2.2.3 UQEQESHO NOPHUHLISO

Ukuqeqeshwa ngokutsha kunye nokuqeqeshwa okongezelelweyo kwabasebenzi kusengowona msebenzi uphambili weBhodi. Olu qeqesho luya kuqhuba nokuqinisekisa ukuba iBhodi isebenzisa ikwaphuhlisa kangangoko abasebenzi bayo.

Kulo nyaka udlulileyo, iBhodi ityale iR516,998 ekuqeqesheni nasekuphuhliseni abasebenzi bayo, nto leyo ithathe i1% yeendleko ezipheleleyo zengqesho. Uqeqesho olunike kulo nyaka belujolise kubasebenzi bawo onke amaqanaba kweli ziko. Amathuba oqeqesho anikiweyo ebejonge ukuphucula ukukwazi ukwenza ngokoqeqesho kwabasebenzi, ukwandisa ulwazi lwabo nokuphucula izakhono zabo zokuxhasa impumelelo yeenjongo eziphambili zeli ziko.

Njengokuba imeko yongcakazo iguquka, kubalulekile ukuba amalungu eBhodi aqeqeshwe kwizakhono eziza kuwaphucula ukwenzela ukuba bakwazi ukwenza umsebenzi wabo kakuhle. Ngenxa yoko, amalungu eBhodi abhaliswe kwiiInstitute of Directors South Africa (iIODSA). I-IODSA inika amalungu ebhodi iinkonzo ezenziwayo ezijonge ukuqinisekisa ngophuhliso, ukuqonda nokwenziwa kwezenzo zolawulo olufanelekileyo. Ukuhamba iinkomfa kunye nemicimbi yoshishino zisetyenziselwa ukuhlala benolwazi malunga nozinto ezintsha kushishino longcakazo.

2.3 UPHUHLISO LWEMIGAQONKQUBO EPHAMBILI NEENGUQU KWIMITHETHO

Ushishino lwemidlalo lushishino oluqhutywa yiteknoji nolufuna uthsintsho lweteknoji olukhawulezayo kunye nokukhawuleza kwamaxesha okugqitywa kokuvunywa kwemiba yolawulo. IBhodi iyaqhubeka nokuphonononga iinkqubo zayo nokusebenzela ngasekwenzeni ukuba iinkqubo zemeko yolawulo lwayo zikwazi ukuzenzekela kusetyenziswa iteknoji.

I-WCPT iqeshe inkampani eza kuphanda malunga nemigaqo yezoqoqosho nemigaqonkqubo esebenza kushishino longcakazo eNtshona Koloni. Olu phando lwenziwa yinkampani yangaphandle yaye iziphumo nezindululo zophando ziza kufuthela ukukhutshwa koXwebhu lweNgcaciso yomGaqonkqubo kunye noXwebhu lweNgcaciso yoMthetho oSaYilwayo ngokubhekiselele kuLawulo loNgcakazo. Isiphumo solu phando sinokugqibela sifuthela ukuqulunqwa kobume obutsha bomGaqonkqubo onxulumene nolawulo longcakazo.

2.3.1 UKUMANGALELWA EZINKUNDLENI

Ushishino longcakazo lubonakala lumangaleleka kakhulu ngenxa yezigqibo nezenzo ezidla ngokucelwa umngeni yiBhodi ngokomdla woqoqosho wabaninilayisenisi kunye nabanye abanendima abayidlalayo. Eminye imiba ngumdla nje woluntu okanye, kwezinye iimeko, izigwebo ezikhutshwa ziiNkundla zethu nezinika ukuqiniseka ngokomthetho kwimiba yomthetho engavaniyo ngayo iBhodi nabaninilayisenisi. Kwiimeko ezinjalo, la maqela adla ngokuvumelana ukuba eyona ndlela ifanelekileyo kukufumana isigwebo esiqhawula imbambano ngokomthetho. Njengomlawulizinz, iBhodi ithathela ingqalelo imiba ephangaleleyo yoluntu nengajonganga nje kurhwebo kuphela. Ngoko ke, iBhodi ayithathi nxaxheba kuyo yonke imingeni esiwa eNkundleni, apho iya kuthathwa njengeqela elinomdla, koko ukuya kwayo enkundleni kusekelwe ekuzimiseleni kwayo ukukhangela ukuba ithathe inxaxheba na kwisimangalo ngokwemeko yesigqibo esifunekayo nangokweziphumo zomthetho kuxanduva lweBhodi kunye noshishino elulawulayo.

Umninilayisenisi wekhasino ufake isicelo sokuQhawulelwa iMbambano ngokoMthetho, ibeka iBhodi noMphathiswa wezeMali, iNtshona Koloni njengabamangalelwa, ebhengeza ukuba iikhrédithi zokungcakaza ezingenakutshintshelwa malini (iFreeplay) aziyonxalenye yoko kunokutshintshelwa kwitshiphu zongcakazo (i“drop”) ngenjongo yokubalwa kwengeniso epheleleyo elungisiweyo yaye aziyonxalenye yengeniso erhafelwayo ngokweCandelo lama64 loMthetho, ufundwa nesiHlomelo III. Okunye, kuba iye yakhupha isigwebo sokuba nyani abafakizicelo baye bahlawula iirhafu ezingamela kuhlalulwa ngokwengxoxo yomthetho ethiwe thaca phambi kweNkundla, iNkundla ikhuphe umyalelo wokuba nakuphi ukuhlalulwa okugqithisileyo kweerhafu makubuyiswe okanye kudluliselwe kwityala lerhafu elilandelayo labo abafakizicelo. Isigwebo sakhutshwa ngomhla wama29 kuEpreli 2020, sigwebela uMfakisicelo, nalapho iNkundla yathi ukungcakaza ngeekhrédithi ezingenakutshintshelwa malini akuyonxalenye yoko kunokutshintshelwa kwitshiphu zongcakazo ngenjongo yokubalwa kwengeniso epheleleyo elungisiweyo yaye aziyonxalenye yengeniso erhafelwa ngokweCandelo lama64 loMthetho ufundwa nesiHlomelo III. IBhodi iye yayalelwa ukuba ibekele bucala iirhafu ezihlawulwe ngokugqithisileyo ukuze zibalelwe kumatyala oMfakisicelo exa elizayo ukuze zihlawule iirhafu yongcakazo ngokweCandelo lama64 lalo Mthetho. IBhodi kunye noMphathiswa bavunyelwe ukuba bafake isibheni kwiSCA saza isigwebo saphuma singqinelana neBhodi. UMfakisicelo uye wangenisa isiCelo seMvume yokuBhena kwiNkundla yoMgaqosiseko. IBhodi noMphathiswa wezeMali namaThuba ezoQoqosho baye bafaka isiXelo sokuChasa kunye neeAfidavithi zabaMangali bokuQala kwiNkundla yoMgaqosiseko. Lo mba usaqhutywa yaye iBhodi isalinde umhla wokuchotshelwa kwetyala lesiCelo seMvume yokuBhena.

Omnye odlala indima kushishino longcakazo uye wafaka isicelo sophononongo, esikhatshwa sisithintelo seNkundla ePhezulu, ecela ukuba iNkundla leyo iyalele iBhodi ukuba izinxweme ekuqhubeni isigqibo sayo sokunika ezi LPM zili1,000 zishiyekileyo amaShishini oNgcakazo aneelLayisenisi amabini, ngokobungakanani bawo, ngokuxhomekeke kwisiphumo esisalindiweyo sesiCelo sokuQwalaselwa ngokuTsha kwesiGqibo seNkundla. Ngaphezulu, ukuba esi sigqibo seBhodi sibekwe apha ngasentla siqwalaselwe ngokutsha size sibekelwe bucala. Isigwebo sikhutshwe nge-elektroniki ngomhla wama20

kuEpreli 2021. Isicelo sokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo senkundla siye sayimpumelelo saza sakhutshwa sivumela abafakizicelo. Emva kokufaka isibheni, iQoqo leeJaji eziliShumi elinanye leNkundla ePhakamileyo liye lakhupha umgaqo othi siyanqunyanyiswa isigwebo sokuqwalaselwa ngokutsha kwesigqibo senkundla sokuqala, ngokuxhomekeke kwisiphumo esisalindiweyo seziBheni ezikwiSCA. Esi siBheni siye saphulaphulwa kwiSCA ngowe15 kuAgasti 2023, saza isigwebo sakhutshwa ngowe10 kuNovemba 2023, sivumela iBhodi. IsiBheni senkundla yangaphambili sibekelwe bucala sikhutshwa ziindleko.

2.3.2 IMITHETHO YANGOKU ETHATHELWA INGQALELO

INational Gambling Amendment Bill [B27B-2018] iye yapapashwa ngo2018. Lo Mthetho uYilwayo uhlaziya iNational Gambling Act, ka2006, ukutshintsha ukulungelelaniswa kweBhodi yoNgcakazo kaZwelonke ibe liqumrhu elisebenzayo elinika ingxelo kwiDTI, nalapho uCEO asentloko yeli qumrhu. Ezinye zezinto ezifunwa ngulo Mthetho uYilwayo, kukuzisa iintlawulo ezithile zomthetho ezenzelwa uqwalaselo olundawonye lwamashishini ongcakazo aneelayisenisi zephondo kwanokujongana nemiba yolawulo enxulumene neBhunga lemiGaqonkqubo kaZwelonke (iNational Policy Council). Lo Mthetho uYilwayo uye wathathelwa ingqalelo zizo zombini izindlu zePalamente yaye uye wakhatywa liBhunga lamaPhondo likaZwelonke ngowe14 Disemba 2021 waza wadluliselwa kwiKomiti yokuLamla iMbambano ngokoMgaqo woBambiswano 186(1)(a).

Umthetho iWestern Cape Gambling and Racing 19th Amendment Act (2021) (uMthetho “iNineteenth Amendment Act”) uye wapapashwa kwiGazethi yePhondo ngomhla wama23 kuJuni 2021. Ubonisa ukuba lo Mthetho iNineteenth Amendment Act uza kuqala ngomhla oza kubhengezwa yiNkulubaphathiswa kwiGazethi. Lo Mthetho iNineteenth Amendment Act ubeka iintlawulo ezintsha zabaQhubishishini beeKhasino kunye nezamaShishini oNgcakazo aneeLayisenisi. Wakuba uqalisiwe lo Mthetho i19th Amendment Act, uya kuxhasa injongo yeBhodi yokukwazi ukuzimela ngokunxulumene neemfuno zayo zebhajethi. Kodwa ke iNineteenth Amendment Act khangela ide isebenze. UMthetho oYilwayo iDraft Western Cape Nineteenth Gambling and Racing Amendment Act Repeal Bill, 2022 (“iRepeal Bill”) upapashelwe ukuba abantu bahlomle ngawo ngowe2 Disemba 2022 nalapho bekufunwa ukubhangiswa lo Mthetho uyiNineteenth Amendment Act. IMemorandum yeenjongo zeRepeal Bill ibibeka iinkqubo zomthetho zokuyilwa ezihambelana nalo mthetho iNineteenth Amendment Act, iqinisekisa ukuba injongo ezifanayo ibikukukhuthaza nokuncedisa ukuzimela ngokwezemali kweBhodi, ukwenzela ukuba iintlawulo ezithile zihlawulwe kwiBhodi, ukutsalwa kweendleko zokuqhuba amashishini eekhasino, uhlaziyo lwemigaqo enxulumene neentlawulo zabadlalisimatshini bokungcakaza okungephi ngokunjalo nemiba ehambelana noku. IRepeal Bill ibibonisa ukuba ngenxa yeziphumo ezinzulu zobhubhane weKhovidi-19 kushishino longcakazo, uNondyebo wePhondo ukwinkqubo yokuqhuba uphononongo olunabileyo lwemeko yongcakazo nemidyarho eNtshona Koloni, nalapho kusayilwa khona iNkqubo yoHlaziyo lwemiGaqonkqubo. Ngaphezulu, ibeka ukuba ukukhuthazwa nokuncedisa kokuzimela ngokwezemali kweBhodi kuseyinjongo ebalulekileyo yoRhulumente weNtshona Koloni. Umthetho iWestern Cape Nineteenth Gambling and Racing Amendment Act, Repeal Act, 2022 (umthetho “iRepeal Act”) kuye kwanikwa imvume yawo ngowe10 Janyuwari 2024 ngokunjalo nokubhangiswa “kweNineteenth Amendment Act”.

Imithetho eyilwayo iTwentieth and Twenty-first Amendment Bills, 2022 iye yapapashelwa ukuba abantu bahlomle malunga nayo ngowe10 June 2022. Ulungiselela ukuthuthwa kwekhasino iye kumbindi dolophu (iMetropole) yaye ukwalungiselela neendleko ezinxulumene noko ngokunjalo nemithetho echaphazelekayo ekufuneka ithathelwe ingqalelo yiBhodi. Uhlaziyo lweDraft Western Cape Twentieth Gambling and Racing Amendment Bill ubukhulu becala bulungiselela ukuthuthwa kwekhasino, kuyekisa ukukhetheka kwabangcakazi yaye ukwasingatha imiba ebalulekileyo enxulumene nokuhlaziywa kweelayisenisi. Uhlaziyo olukumthetho oyilwayo iDraft Western Cape Twenty-First Gambling and Racing Amendment Bill ubukhulu becala lwazisa irhafu yamathuba ezoqoqosho ngokunxulumene nokuthuthwa kwekhasino. Lo mThetho uYilwayo usasingethwe yiWCPT.

Umthetho oyilwayo iRemote Gambling Bill (B11-2024) waziswe kwiNdlu yoWisomthetho ngowe16 Epreli 2024. Utshintsho olumandla kulo mThetho uYilwayo kukuba ugunyazisa amaPhondo, hayi iBhodi yoNgcakazo kaZwelonke, ukuba alawule ukukhutshwa kweelayisenisi nokuqokelelwa kweendleko ezibekiweyo kwiPhondo lawo. Injongo yaloMthetho uYilwayo kukunika iziseko zomthetho zokulawulwa kozinzo nokubekwa emgaqweni kwazo zonke izenzo zongcakazo kwiIntanethi kwanokuqinisekisa ngabalawulizinzobongcakazo kwiIntanethi abaneleyo nabasebenzayo kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika. Lo mThetho uYilwayo ukwanika imiMiselo nemiGaqo ngokunxulumene nongcakazo kwiIntanethi ukuze isebenze kwiRiphabliki xa iyonke, ukwenzela ukunqanda nokukhusela abantwana kunye nabantu abasemngciphekweni ukuba bangaziboni befumana ifuthe elibi longcakazo, kwanokukhusela abadlali, uluntu kunye nabaqhubi bamashishini ongcakazo kwiIntanethi abaneelayisenisi.

Imigaqo iWestern Cape Gambling and Racing Act Regulations, 1996: UHlaziyo oluYilwayo luka2022 lupapashelwe ukuba abantu bahlomle malunga nalo ngowe10 Juni 2022. Lubeka imiMiselo esebenza ekuhlaziyweni kwelayisenisi, elona nani liphezulu leelayisenisi zokuqhuba amashishini eekhasino kwisiXeko saseKapa kunye nomgama ophakathi kweekhasini, iinkcukacha zabafakizicelo ngokunxulumene nokuthuthwa kweekhasino, ngokunjalo nokuhlululwa kwerhafu yamathuba ezoqoqosho yanyanga zonke.

ImiMiselo yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (yeeNtlawulo neeNdleko zika2016), uYilo luka2020 loHlaziyo lwesiBini (2022) lupapashelwe ukuhlomla koluntu ngomhla we10 Juni 2022, yaye ulungiselela nayiphi intlanganisano yokuchotshelwa kwemicimbi, ukuphandwa okanye uphando olunxulumene nokuthuthwa kweshishini okanye isenzo esicaciswe kwiCandelo 41B (1) loMthetho.

ImiMiselo yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni (yeeNtlawulo neeNdleko zika2016): UHlaziyo luka2024 luhlaziyiwe lwaza lwapapashwa kwiGazethi ngowama28 Matshi 2024 ukwenzela ukuba la maxabiso ahambelane nokunyuka kwamaxabiso ezinto okuchaphazela iintlawulo zezicelo zomthetho, ezeelayisenisi nezophando. Ezi ntlawulo zinyuswa rhoqo ngonyaka ukulungiselela ukunyuka kwamaxabiso ezinto, yaye ezi ntlawulo zinyusiweyo ziqalise ukusebenza ngowe1 Epreli 2024.

3. INKQUBELA ESEYENZIWE NGASEKUFZEKISWENI KWAMAFUTHE AMAZIKO KUNYE NEZIPHUMO

Ingcaciso yefuthe: Ushishino longcakazo olulawulwa ngokugqibeleleyo.

IziPhumo:

- Amacandelo eBhodi, izixhobo neenkqubo ezisetyenziselwa ukwenziwa koxanduva lwayo ngempumelelo, ugqibelelo nelona zinga liphezulu. Le nkqutyana ifezekise iimvelisozenzo ezisibhozo (8) kwezilishumi elinanye (11) ebezicwangciselwe kulo nyaka uphononongwayo, nalapho isiphumosenzo esinye siye saphantse safezekiswa.
- Abantu abaqhuba amashishini kushishino longcakazo bafanelekile. Ngelixa le nkqutyana iqhuba nokusebenzisa iphothali yeintanethi yokwamkela nokulungiselela izicelo zeelayisenisi ezijonge ukuphucula inkqubo yokufakwa kwazo, ikwagxila kakhulu kuphando lokuzinziswa kwabantu (abantu okanye amaqumrhu anokumangalelwa) ukuze bakwazi ukugcina iilayisenisi zongcakazo. Nangona iqinisekisa ukuba bafanelekile bonke abantu abafuna iilayisenisi zokuzibandakanya kushishino longcakazo, le nkqutyana isaqhuba nokulungiselela zonke iilayisenisi ezintsha nezihlaziwayo ngokweethagethi zayo zonyaka ngokunjalo nangokweethagethi zayo zeminyaka emihlanu.
- Izenzo zongcakazo nokubheja kwizakhiwo ezineelayisenisi neziphicothelwe iincwadi kujongwa ukulandela kwazo imigaqo yomthetho kunye neemfuno zomthetho. Le nkqutyana inoxanduva lokunyanzelisa ukulandelwa kwemithetho yongcakazo neminye enxulumene noko ngokubhekiselele kwimigaqo yomthetho kunye neemfuno zolawulozinzizo kubo bonke abaninilayisenisi abanika ithuba longcakazo nokubheja ukuze bahlawulwe luluntu ngokunjalo nokuphandwa kwangethuba kwezityholo zezenzo zongcakazo olungekho mthethweni kweli Phondo. Le nkqutyana ifezekise iziphumozenzo ezithathu (3) kwezintandathu (6) ebezicwangciselwe lonyaka uphononongwayo.
- Kunikwe izisombululo neenkqubo zeIT eziza nezinto ezintsha, ezisebenzayo, ezithembekileyo nezikhuselekileyo. Le nkqutyana ifake isicelo seesistim ezingundoqo zokusebenza, ulawulo olungcono, olukhawulezayo, ulawulo olufanelekileyo, oluthembekileyo nolukhuselekileyo ukulungiselela iOfisi yeBhodi. Le miba ivumele iimpumelelo ezingundoqo zeICT yaye ihambelana neethagethi zeziphumozenzo zonyaka ezicwangcisiweyo ngokunjalo neenjongo zeminyaka emihlanu.

4. IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

INkqubo yoku1: IBhodi noLungiselelo lweeOfisi

INjongo yenkqubo

Kukuncedisa uMphathiswa ekufezekiseni uxanduva olubekwe ngumthetho kwiBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni.

IziPhumo

Amacandelo eBhodi, izixhobo neenkqubo ezisetyenziselwa ukwenziwa koxanduva lwayo ngempumelelo, ugqibelelo nelona zinga liphezulu.

Ubume beNkqubo

Le nkqubo inaMalungu eBhodi asixhenxe, uMphathi oyiNtloko, uMlawuli wezoMthetho, umNcedisi wezoMthetho oPhezulu: kwiiNkonzo zezoMthetho, iGosa eliyiNtloko kwezeMali, iGosa eliPhezulu lezeMali, iGosa eliPhezulu kulungiselelo lwezeOfisi, uMlawuli wezabaSebenzi, uNobhala weBhodi kunye nabasebenzi abaxhasayo abalishumi abavunyiweyo.

Le nkqubo imi ngolu hlobo:

- IBhodi
- Abaphathi
- IiNkonzo zezoMthetho
- ICandelo lezabaSebenzi
- ULungiselelo lweOfisi nezeMali

Iziphumo, iimvelisozenzo, izikhombisi zentsebenzo, iithagethi neempumelelo zoqobo ezifekisiweyo

Kulo nyakamali ka2023/24 kuye kwabakho olu tshintsho lwaphakathi enyakeni ngokunxulumene nezalathintsebenzo zale Nkqutyana:

- **Isalathintsebenzo 1.5:** Ingcaciso yesalathintsebenzo kwitheyi bhile yeNtsebenzo kwiphepha lama36 leAPP iyahluka kwingcaciso yesalathintsebenzo kwiTID ekwiphepha lama54 leAPP. Indlela yokubala nayo iye yalungiswa.
- **Isalathintsebenzo 1.6:** Uhlobo lokubala kwiTID luye lwalungiswa lwaba lolungaqhubekiyo
- **Isalathintsebenzo 1.11:** Umjikelo wokuXelwa kweSalathintsebenzo kwitheyi bhile yeNtsebenzo, kwiphepha lama37 (leAPP), nguNyaka, ngelixa kwiTID kwiphepha lama62 (leAPP) kuvela ukuba yikota.

| INkqutyana 1: IBhodi noLungiselelo lweeOfisi | | | | | | | | | |
|---|---|---|--|--|--|------------------------------|---|--|--|
| IsiPhumo | Imvelisosenzo | Isalathintsebenzo | Impumelelo yoqobo e-phicothiweyo ka2021/2022 | Impumelelo yoqobo e-phicothiweyo ka2022/2023 | Ithagethi yoNyaka eCetyiweyo 2023/2024 | IMPumelelo eYiyo ka2023/2024 | Ukutshintsha kusukwe kwithagethi ecwangciselweyo kuyiwe kwi-Mpumelelo eYiyo ka2023/2024 | Izizathu zokutshintsha | |
| Amacandelo eBhodi, izixhobo neenkqubo ezisetyenziselwa ukwenziwa koxanduva lwayo ngempumelelo, ugqibelelo nelona zinga liphezulu. | lintlangani-so zeBhodi ekuvunywe kuzo izigqibo zaza zaqaliswa lingaphela-nga ithuba elithile. | 1.1 Inani leentlanganiso zamalungu eBhodi ezenza ikhoram kunyaka ka2023/2024. | 19 | 18 | 16 | 14 | -2 | <ul style="list-style-type: none"> Intlanganiso yokulungiselela iNgxelo yoNyaka ebingowe5 Okt 2023 ilungiselela iseshini yeKomiti esisiGxina khange iyenze ikhoram. Kulindleleke ukuba zibe ninzi iintlanganiso zeBhodi zesikhawu ngo2023/24 kunezo beziye zakho ngo2022/23. | |
| | lintlangani-so zeBhodi ekuvunywe kuzo izigqibo zaza zaqaliswa lingaphela-nga ithuba elithile. | 1.2 Izigqibo zeBhodi eziye zafezekiswa kwintlanganiso yeBhodi elandelayo. | 95% | 94% | 95% | 94% (131 out of 139) | -1% | Ukuxhomekeka kumaqela angaphande kuchaphazele ukufezekiswa kwezigqibo kwangethuba. | |
| | Ukulandeliwa kweziBophelelo zeCSI ngabanini layisenisi. | 1.3 Inani leenkqutyana zeCSI eliqinisekiswa ziikomiti zeBhodi. | 6 | 6 | 6 | 6 | - | Azikho | |

IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO

| INKqutyana 1: IBhodi noLungiselelo lweeOfisi | | | | | | | | | |
|--|---|--|--|--|--|------------------------------|---|---|--|
IiKomiti zeBhodi neminye imicimbi: Ngama**R624.92** ngeyure ukuya kutsho kwiiyure ezisi8 ezizezona zininzi.

IBAMBELASIHLALO:

Intlanganiso zeBhodi: Ngama**R5 601.52** ngentlanganiso nganye.

IiKomiti zeBhodi neminye imicimbi: Ngama**R700.19** ngeyure ukuya kutsho kwiiyure ezisi8 ezizezona zininzi.

IiKomiti zeBhodi neminye imicimbi:

- Imbuyekezo ngokuya kwezinye iintlanganiso neminye imicimbi, efana neentlanganiso zeeKomiti kunye neentlanganiso zoluntu, isekelwe kwintlawulo ngeyure nganye. Ngaphezu kwexesha lokuchophela loo ntlanganiso, ikwaquka nexesha elichitshwe eluhambeni, ixesha lokulungiselela kunye nembuyekezo yeekhilomitha ezihanjweyo.
- Ixabiso leyure ngama**R624.92** ngeyure.
- Le mbuyekezo ihlawulwa ukuya kutsho kwelona xesha liphezulu lihambelana neeyure ezisi8, kunye neekhilomitha ezihanjweyo.
- Kufuneka amalungu axelele uNobhala malunga nexesha alichithe kumalungiselelo entlanganiso ethile, loo nto eyenza kwasekuqaleni kwentlanganiso nganye.
- Iikhilomitha ezihanjweyo kwiimeko apho iindlela zohlukileyo kwindlela yesiqhelo eya eofisini yeBhodi, nazo zinikwa uNobhala weBhodi ngumntu ngamnye.

IMBUYEKEZO YAMALUNGU EBHODI

| Igama | Imbuyekezo - yeentlanganiso zeBhodi | Imbuyekezo - yeentlanganiso zeekomiti Nezinye* | Imbuyekezo - yokuya kwiiNkomfa | Isibonelelo sohambo | Ezinye iimali ezibuyiswayo | Imbuyekezo ephelelyo yamalungu |
|-----------------------------|-------------------------------------|--|--------------------------------|---------------------|----------------------------|--------------------------------|
| | R | R | R | R | R | R |
| Mnu. TC Arendse | 69 991.04 | 94 265.99 | 75 409.10 | 15 513.98 | 6 718.86 | 261 898.97 |
| Mnu. CA Bassuday | 90 074.88 | 123 917.30 | 82 230.54 | 27 938.83 | 7 316.19 | 331 480.74 |
| Mnu. M Burton | 59 992.32 | 92 433.98 | 34 995.52 | 4 069.01 | 3 448.27 | 194 939.10 |
| Nkosk. C Fani | 59 992.32 | 59 621.34 | 41 450.94 | 4 069.01 | 3 570.62 | 168 704.43 |
| Nkosk. A Mvandaba | 49 993.60 | 36 666.13 | 4 999.36 | - | 1 457.11 | 93 116.20 |
| Mnu. RG Nicholls | 69 991.04 | 95 564.84 | 43 900.63 | 4 069.01 | 3 162.58 | 216 688.10 |
| Nkosk. L Venter | 59 992.32 | 77 542.14 | 81 133.36 | 18 403.56 | 7 485.59 | 244 556.97 |
| Ixabiso elipheleleyo | 460 027.52 | 580 011.92 | 364 122.45 | 74 063.40 | 33 159.22 | 1 511 384.51 |

*Kufaka iintlanganiso zesikhawu ezingeyonxalenye yeentlanganiso ezimiselweyo zeBhodi nezeeKomiti, umzekelo - iintlanganiso ezichotshelwa kunye neOfisi kaNondyabo wePhondo kunye noMphathiswa wePhondo wezeMali namaThuba ezoQoqosho, ngokunjalo nexesha elichithwa kweminye imicimbi yeBhodi.

IZIGQIBO ZEKOMITI ESISIGXINA EZISUKA KWINGXELO YONYAKA KA2022/23

Khange kubekho zindululo kwiKomiti yeeAkhawunti zikaRhulumente (iPAC) kwintlanganiso ebichotshelwe ngowoku1 Disemba 2023.

| IZIGQIBO ZEKOMITI ESISIGXINA YEZEMALI, AMATHUBA EZOQOQOSHO NEZOKHENKETHO EZISUKA KWINGXELO YONYAKA KA2022/23 | | |
|--|--|--------------------------------|
| Umhla wokuthathwa kwesigqibo | Ingcombolo | Inkqubela ekufezekisweni kwaso |
| 26 Okthobha 2023 | 1.1.2 Ingxelo ecacisiweyo esuka kwiKomiti yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni malunga nezinto ezintsha zokungcakaza ezinokuza nayo nayiphi imingcipheko kwicandelo longcakazo, kunye nohlobo lwemigaqo okunokuyifuna oku. | Siqhutyiwe. |

5. ULAWULO LWEMINGCIPHEKO

IBhodi izimisele ekusekeni iziko eliqinisekisa ngokuba ulawulo lwemingcipheko luyinxalenye ephambili yazo zonke izenzo zalo kunye nokukwazi ukwenza okungundoqo. ULawulo oluNdindenyayo lwemiNgcipheko yeZiko (iERM) ijonge ukuqinisekisa ngokukhula nempumelelo eqhubekayo yeBhodi. Umsebenzi weERM uncedisa onke amanqanaba olungiselelo lweeofisi ekufezekiseni iziphumo eziphambili zeBhodi ngokuza nendlela elungeleleneyo yokuphonononga nokuphucula ukusebenza kolawulo nothintelo lwemingcipheko.

I-ERM ilungiselelwe ukuqaphela izehlo nokuqhubeka okunokwenzeka (esikubiza ngokuba yimingcipheko) nokunokuchaphazela kakhulu ukukwazi kweBhodi ukufezekisa iziphumo zayo eziphambili okanye ukugcina imisebenzi yayo nokuba ezo zinto ziyichaphazela kakuhle na okanye kakubi. Ngenkqubo

yeERM, imingcipheko eqatshelweyo iyahlolwa ithelekiswa nenqanaba lokukwazi kweBhodi ukumelana nomngcipheko lowo, ukwenzela ukunika isiqinisekiso esifanelekileyo ngokunxulumene nokufezekiswa neenjongo zeBhodi.

Iinjongo zeBhodi zokulawula imingcipheko ziquka:

- Ukudibanisa ulawulo lwemingcipheko nesiqhelo kunye nezigqibo eziphambili zeWCGRB;
- Ukuqikelela nokujongana neemeko eziguququkayo zentlalo, zendalo nezomthetho;
- Ukulawulwa kwemingcipheko ngokwezona ndlela zisebenzayo nokubonisa ukuthathwa kwezigqibo ezisekelwe kulwazi oluphandisisekileyo;
- Ngokunxulumene nokulandela imithetho njengowona mgangatho uphantsi kufuneka ufezekisiwe;
- Ukuhambelanisa iindleko zolawulo lwemingcipheko kunye neenzuzo ezijongiweyo; kunye,
- Nokwazisa uluntu malunga nemfuneko yolawulo lwemingcipheko.

IsiGqeba esiLawulayo seBhodi sinoxanduva sokuba ngukhala wolawulo lwemingcipheko kwiBhodi, nalapho siya kuthi sinike inkxaso yolawulo, sicebise malunga nokufezekiswa kwemigaqonkqubo evunywe yiBhodi. Rhoqo ngonyaka iBhodi iye isebenzisane nesiGqeba esiLawulayo ukuphonononga imingcipheko yayo enokuchaphazela umsebenzi, isiCwangciso sokuSebenza soNyaka neethagethi zaso, njengenxalenye yeseshoni yocwangciselelo lonyaka yeBhodi. Le mingcipheko iye iphononongwe rhoqo ngekota, ukwenzela ukufezekiswa ngempumelelo kweendlela zokuyithomalalisa imingcipheko ukuze kuqinisekiswa ukuba yonke imingcipheko eqatshelweyo ilawulwa ngokwamazanga amkelekileyo okukwazi melana nayo.

Ukuqesha kweBhodi igosa lolawulo lwemingcipheko luxanduva lwegosa eliphezulu lolungiselelo lweefisi, nelikwifisi yoMphathi wezeMali oyiNtloko yaye elo gosa lijongene nolungiselelo lobhaliso lwemingcipheko kunye neengxelo zemingcipheko zekota. Ikomiti yoLawulo lwemiNgcipheko yenziwa sisiGqeba esipheleleyo soLawulo. Ikomiti yoLawulo lwemiNgcipheko idibana rhoqo ngekota ukuze inike imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi weBhodi kunye nemingcipheko evelayo eqatshelweyo, ngokunjalo nemeko yezicwangciso zokulungiselela ukuthomalalisa loo mingcipheko. Imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi, izenzo zokuthomalalisa imingcipheko kunye nemingcipheko evelayo ethe yaqatshelwa ithi ixelwe kwiKomiti yoPhicothozincwadi neFITEC rhoqo ngekota. Zonke iintlanganiso zeKomiti yeFIT nezeKomiti yoPhicothozincwadi zichotshelwa nguMphathi oyiNtloko, iGosa lezeMali eliyiNtloko kunye negosa lezemingcipheko, baze banike ikomiti ingxelo esesikweni kwintlanganiso nganye.

IKomitana yeBhodi neKomiti yeFIT ziphonononga le mingcipheko kunye nobhaliso lwemingcipheko nalapho kugxilwa kakhulu kwimingcipheko enokuvela. IKomiti yoPhicothozincwadi yiyo esebenza njengeKomiti ejongene nemiNgcipheko, nejongene nokubeka esweni imingcipheko yeBhodi, phakathi kweminye enokujongwa. IKomiti yemiNgcipheko incediswa nguMsebenzi woPhicothozincwadi lwangaPhakathi kunye neengxelo ezinikwa iBhodi.

Ngeli thuba lemali liphononongwayo iOfisi yeBhodi iqhube oku kulandelayo:

- Ukuphononongwa komGaqonkqubo wemiNgcipheko yeEMR kunye nokuKhula kwemiNgcipheko
- Uphononongo lwekota loBhaliso lwemiNgcipheko olwenziwa yiEXCO
- Ukunikwa kweengxelo zekota kwiKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko kunye neKomiti yeFIT.

Apha ngezantsi kubekwe imingcipheko enokuchaphazela umsebenzi, mingcipheko leyo ijamelene nayo iBhodi, kunye neendlela zokuyithomalalisa ezithe zalandelwa:

| ImiNgcipheko enokuChaphazela umSebenzi | IiNdlela zokuyiThomalalisa |
|---|---|
| SR1: Ukungakwazi kweQumrhu ukwenza uxanduva lwalo. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Inkxaso ngokwePFMA. 2. Inkqubo yebhajethi eyaneleyo (ukucwangciselwa kwezixhobo nabasebenzi). 3. linkonzo zezomthetho zePT zikhuphe uluvo - oluqinisekisa amaxesha okunyulwa kwangethuba kwamaLungu eBhodi. 4. Imeko yokunyulwa kwamalungu eBhodi ixixwe kwiGLC. 5. IBhodi isebenzisa ukuhlehliswa kweentlanganiso ukuze kwiimeko ezingxamisekileyo kusetyenziswe ukuthunyelelwa kwamalungu ukuba avume ngeimeyile amaxwebhu, ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iBhodi iqhubeka nokusebenza ngokukuko. 6. AmaLungu eBhodi apheleleyo anamalungu amathathu athuba lawo lidluliselwe kuma31 Matshi 2024 kunye namalungu amatsha amabini anyulelwe iminyaka emine. |
| ImiNgcipheko enokuChaphazela umSebenzi | IiNdlela zokuyiThomalalisa |
| SR2: IQumrhu elingenantsebenzo nelingenampumelelo. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Ukuphonongwa koMthetho xa kuyimfuneko nokufaka iziphakamiso kwiPT kwakunye noMphathiswa ephakamisa ukuhlaziywa koMthetho ngokokufuneka kwako. 2. Ukuxoxa nabaninilayisenisi ukwenzela ukucacisa ukutolikwa kwemithetho. 3. lingcebiso/izimvo zezomthetho xa kuyimfuneko. 4. Imeko yokunyulwa kwamalungu eBhodi ixoxwa kwiGLC. 5. Inkxaso ngokwePFMA. 6. Inkqubo yebhajethi eyaneleyo (ukucwangciselwa kwezixhobo nabasebenzi). 7. Inkqubo yophononongo enamanyathelo ngamanyathelo. 8. Ukufezekiswa kwesicwangciso sezakhono zasemsebenzini (iWSP). 9. Ukuqwalaselwa nokuphononongwa kweenkcukacha ziikomitana zeBhodi. 10. Ingxoxo kunye namaqela achaphazelekayo, apho kuyimfuneko. 11. I-WSP, uqeqesho, iinkomfa, amaqumrhu kazwelonke. 12. lingxoxo zekota phakathi koMphathiswa noSihlalo weWCGRB. |
| SR3: Ukungasetyenziswa ngokwaneleyo nokugqibeleleyo kwezixhobo nabasebenzi beli qumrhu. | <ol style="list-style-type: none"> 1. I-WSP, uqeqesho, iinkomfa, amaqumrhu kazwelonke. 2. linkqubo ezizizo zocwangciso nokwenziwa kweBhajethi. 3. lingxoxo malunga nabasebenzi besiqhelo. 4. Abasebenzi bethutyana abaqeshelwe ukuncedisa. 5. Ukwabelwa komsebenzi weziko ukwenzela ukuthomalalisa amathuba ongezelelweyo. |
| SR4: Ukuphelelwa yintembeko kubathathinxaxheba. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Unxulumano oluqhubekayo nolufanelekileyo namaqela achaphazelekayo. 2. lingxoxo zoluntu. |
| SR5: Uphazamiseko lwezenzo zoshishino ezingundoqo. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Kukho isicwangciso solawulo lokuqhubeka koshishino sokuzinzisa ukusebenza kweenkonzo zoshishino ezingundoqo emva kwentlekele okanye isehlo esibi ebesingalindelekanga. 2. Isicwangciso sokuqhubeka koshishino siphononongelwa yonke imisebenzi yoshishino yeWCGRB eyenziwa ngokuhambelana nophazamiseko. |

| ImiNgcipheko enokuChaphazela umSebenzi | IiNdlela zokuyiThomalalisa |
|--|---|
| SR6: Ukungalandelwa kwemiyalelo yomthetho. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Uphononongo olusoloko lusenzeka kunye namaqela achaphazelekayo, iingxoxo kunye nawo kwakunye nokuvunywa kwemiGaqonkqubo neendlela ezilandelwayo. 2. Isebe lwezomthetho lirhuma kupapasho lwezomthetho. 3. UNondyebo kaZwelonke nowePhondo badlulisa imiyalezo emalunga neenowuthsi neesetyhula ezinxulumene nolu shishino. 4. Ukuqulunqwa kwemigaqonkqubo emitsha kusetyenziswa namaqela achaphazelekayo. 5. Ukunikwa ingcaciso yomsebenzi kwabasebenzi namalungu ebhodi amatsha. 6. Unxibelelwano neewekhshophu malunga nemigaqonkqubo emitsha kunye nokutshintsha kwemigaqonkqubo. 7. ImiGaqonkqubo yangaPhakathi epapashwe kwiIntanethi kunye nemigaqonkqubo yangaphandle epapashwe kwiIntanethi. 8. Ukuthatha inxaxheba kushishino nakumaqumrhu olawulozinzo. 9. Uqeqesho neewekhshophu malunga nemigaqonkqubo nemithetho. |
| SR7: Ukungakwazi ukufumana iiofisi ezisebenzisekayo. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Uncedo olufunyenwe kwiDOI lokulawula iiprojekthi ukufakwa kwefenitshala kwesi sakhiwo sitsha. 2. Isicwangciso seprojekthi yokufaka ifenitshala iSakhiwo esakhiwe saza sanikwa yiDOI. 3. Iimali zikhona. |
| SR8: Kuphakanyiswa amagama abantu abangafanelekanga ukuba banikwe iilayisenisi. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Inkqubo yokuxela ukuchaphazeleka kwemidla yabasebenzi. 2. Isicwangciso sokuSebenza siqaphela iimfuno zoqeqesho zabasebenzi. 3. Ukusetyenziswa kweintanethi nemithongo yokuqinisekisa yangaphandle. 4. Inkqubo ezilandelwayo xa kusenziwa umsebenzi osemgangathweni. 5. Inkqubo yophononongo ezizigaba ngezigaba. |
| SR9: Ukungakwazi ukuqaphela ukungalandelwa kwemigaqo yomthetho kunye neemfuno zolawulozinzo. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Ukuhanjwa kweenkomfa, iwekhshophu namaqumrhu oqeqesho anxulumene noshishino kuzwelonke nakumazwe ngamazwe. 2. Ukwazisa kwabasebenzi xa kungqubana imidla yabo nomsebenzi. 3. Ukulandelwa kweeSOP zeSebe nemigaqonkqubo yeHR. 4. Iintlanganiso ezibizwa rhoqo kunye neeNtloko zamasebe emva kophicothozincwadi. 5. Inkqubo yophononongo ezizigaba ngezigaba. 6. Iingxoxo eziqhutywa rhoqo namaqela achaphazelekayo oshishino. |
| SR10: Ukungakwazi ukuqatshelwa kuze kuvalwe izenzo zongcakazo olungekho mthethweni. | <ol style="list-style-type: none"> 1. Iingxoxo ezenziwa rhoqo kunye neearhente zonyanzeliso lomthetho. 2. Ukuya kwiintlanganiso zeQumrhu loNyanzeliso lomthetho. 3. Uqeqesho olunikwa amagosha oNyanzelisomthetho xa luyimfuneko. 4. Uluhlu lwabaHlabimkhosi abaFihlwayo. 5. Iwekhshophu yoNyanzelisomthetho yamiNyaka le. 6. Ulandelelo lwezityholo zongcakazo olungekho mthethweni. 7. Inkqubo zokwazisa uluntu malunga neBhodi. |

| | |
|--|--|
| <p>SR11: lisistimi nezisombululo zeICT azisebenzi ngempumelelo, azithembekanga, azi nezinto ezintsha yaye azikhuselekanga.</p> | <ol style="list-style-type: none"> 1. Ucwangciso olululo, ibhajethi (equka izixhobo zezemali nabasebenzi), uxhotyiso (inani labasebenzi) kunye nabasebenzi abanezakhono. 2. Ulawulo lokhuseleko oluqhutyiweyo. 3. Imigaqonkqubo neenkqubo ezilandelwayo ezilandelweyo. 4. Ukubekwa esweni, ulungiselelo nolawulo lwemeko yeICT oluqhubekayo. 5. Ukufezekiswa kweICT DRP, ukuba nakho ukusebenza kweJenereyitha neUPS. 6. Ukusoloko kusiyiwa kuqeqesho, iisemina, iintlanganiso zophuhliso lomsebenzi. 7. Ukunika iiKomiti eziqwalaselayo ingxelo malunga nophuhliso lweICT. 8. Ukuqhutywa kwezindululo zophononongo lokhuseleko kwiIntanethi. 9. Kusekwe ubudlelwane nomVelisi weziXhobo onguNdoqo (iOriginal Equipment Manufacturer - iOEM) malunga nazo naziphi iimfuno/ ukungaphumeleli/ ulungiselelo lweezixhobo. |
|--|--|

6. ICANDELO LOPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI

IBhodi ayinayo inkampani yangaphakathi yokwenza iCandelo loLawulo lwangaPhakathi kodwa imisebenzi yeli candelo yenziwa ziinkampani zangaphandle ezinamava afanelekileyo nezingamalungu elinstitute of Internal Auditors okanye iThe Independent Regulatory Board for Auditors. IBhodi ichonge iMNB Chartered Accountants njengabaPhicothozincwadi bangaPhakathi bayo kude kube ngowama31 Julayi 2025.

7. UPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEKOMITI YOPHICOTHOZINCWADI

Ukubekwa esweni kolawulo lwemingcipheko yeBhodi kunikwe iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko kusenzelwa ukuncedisa iBhodi ekwenzeni imisebenzi yayo ngokwePFMA.

Ngoko ke iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko ijonga ukuba kuyenzeka oku:

- Ikhona imigaqonkqubo yokuchonga, ukulungisa nokulawula imingcipheko;
- Ukuba zikhona iindlela zokuphonononga imingcipheko neendlela zolawulo zangaphakathi;
- Indlela yokuchonga imingcipheko evelayo nokuphonononga iindlela ezikhoyo zokuyilawula;
- Ikhona indlela esebenzayo yolawulo lwangaphakathi; yaye
- Yonke imingcipheko engafakwanga kwi-inshorensi iphononongwa ilawulwe ngokukuko.

IKomiti eSebenzayo yoPhicotho lwangaphakathi iyinika uCEO ingxelo yomsebenzi waseofisi ize owokusebenza iwunike iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko.

I-International Standards for the Professional Practice of Internal Auditing (IIA) 1312 ifuna uhlolo lwangaphandle luqhutywe ubuncinane kanye rhoqo ngeminyaka emihlanu, luqhutywa ngumhloli oqeqeshiweyo ozimeleyo okanye iqhela lohlolo elisuka ngaphandle kweziko. Umsebenzi wophicothozincwadi lwangaphakathi lweBhodi uye wahlolwa ngokwemiGangatho iStandard 1312 ngonyakamali ophela ngowama31 Matshi 2022. Izindululo ezivele kolu hlolo zisekwinkqubo yokuba zifezekiswe.

Nanga amalungu eKomiti yoPhicothozincwadi abezimasa iintlanganiso:

| IGAMA LELUNGU | INANI LEENTLANGANISO AZIZIMASILEYO |
|---|------------------------------------|
| 1. 1. Mnu.L Nene [Unyulwe ukususela ngowe17 kuFebruwari 2021 kude kube ngowe16 kuFebruwari 2024] [Uphinde wanyulwa njengelungu ngowe13 Matshi 2024] | Ezi6 kwezisi8 |
| 2. 2. Mnu. P Mukheli [Unyulwe ukususela ngowesi5 kuJuni 2023 kude kube ngowesi8 kuJuni 2026] | Ezi3 kwezi5 |
| 3. 3. Umnu. A Seymour [Unyulwe ukususela ngowoku1 kuMatshi 2022 kude kube ngowama28 Februwari 2025] | Ezisi8 kwezisi8 |

| Igama | IziQinisekiso zeMfundo | Ngowan-gaphakathi okanye ngowan-gaphandle | Ukuba ngowan-gaphakathi, isikhundla sakhe apha kwiBhodi | Umhla wokuqeshwa | Umhla wokurhoxa | Inani leentlanganiso azizimasileyo |
|-----------------|--|---|---|---|------------------------|------------------------------------|
| Mnu. L Nene | Bachelor of Commerce - Bcom (Accounting) | Ngowan-gaphandle | Awuchaphazeleki lo mba | 17 kuFebruwari 2018 13 Matshi 2024 (Uphinde wanyulwa) | Awuchaphazeleki lo mba | 6 |
| UMnu. P Mukhele | B. Compt. Hons CA(SA) | Ngowan-gaphandle | Awuchaphazeleki lo mba | 5 kuJuni 2023 | Awuchaphazeleki lo mba | 3 |
| Mnu. A Seymour | B. Compt. Hons CA(SA) | Ngowan-gaphandle | Awuchaphazeleki lo mba | 1 kuMatshi 2022 | Awuchaphazeleki lo mba | 8 |

8. UKUTHOTYELWA KWEMITHETHO NEMIMISELO

IBhodi iyayifezekisa imigaqonkqubo kunye neenkqubo zokuqinisekisa malunga nokulandelwa kwayo yonke imithetho nemimiselo emele ukulandelwa leli qumrhu. IBhodi ichonge imithetho nemimiselo enyanzelekileyo ukuba iyithobele yaza yaqhuba umgaqo-sikhokelo wokuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi bayo bayayilandela le mithetho nemimiselo.

ISebe leeNkonzo zemiThetho lale Bhodi lirhuma kumaZiko ahluKileyo eeNkonzo zoMthetho, maziko lawo akwiIntanethi, nathi ayazise malunga nemithetho emitsha okanye ehlaziyiweyo athso anike iqonga lokuqwalasela izigwebo malunga namatyala ahluKileyo enkundla. ISebe lezoMthetho lichonga lize lenze utshintsho lisebenzisa le mirhumo litsho lazise abasebenzi malunga notshintsho kwanohlalutyo olo. Kulo nyakamali ka2023/2024, iBhodi khange yohlwayelwe nakuphi ukophulwa kwemiThetho okanye imimiselo.

9. URHWAPHILIZO NOBUQHOPHLOLO

IBhodi ifezekise umgaqonkqubo wokulwa noRhwaphilizo nobuQhophololo, noye wahlaziywa kulo nyaka uphonongwayo. Le nkqubo iquka umnxeba wasimahla kazwelonke kuney nebhokisi yokunika ingxelo engenagama. IKomiti yeBhodi ejongene nokuLwa noRhwaphilizo nobuQhophololo ibekelwe ukuphonononga naziphi izehlo zorhwaphilizo ize iOfisi yeBhodi inike ingxelo kwiKomiti yezeMali neIT kwakunye neKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko malunga nazo naziphi izehlo ezithe zaxelwa.

10. UKUCUTHA UNGQUZULWANO NEZINTO ANAZO AMALUNGU

Amalungu eBhodi yeWCGRB athi ekuqaleni konyakamali ngamnye agcwalise aze anike uluhlu lwazo zonke izinto anemidla kuzo nezinokuthi zingqubane nomsebenzi wawo njengamalungu eBhodi. Amalungu ebhodi kufuneka axele kuchaphazeleka anokuba nako kuyo nayiphi na imiba ekwajenda phambi kwentlanganiso nganye yebhodi okanye yekomiti.

Xa kuthe kwakho nakuphi ukungqubana kwemidla, kufuneka ilungu leBhodi lazise uSihlalo lize emva koko liphume okanye lithathe inxaxheba kwingxoxo leyo ukuba iBhodi iwuthatha loo mba njengongenangxaki iphathekayo. Abasebenzi beWCGRB nabo kukwadingeka ukuba babhengeze nayiphi imiba ebachaphazelayo kwiintlanganiso zeBhodi okanye zeeKomiti, nakuzo naziphi iingxoxo, udlwanondlebe kunye nezigqibo ezithathwa yiOfisi.

IBhodi isaqhuba neenzame zayo zokungapheleli nje ekuqinisekiseni ngokuzimela, koko ibonakale ukuba izimele. Zonke izenzomali zenziwa ngendlela engalawulwa ngqo yiBhodi, nangona ushishino luyiqonda kakuhle indlela eyenza ngayo iBhodi, ukuba ayamkeli zipho, ngoko ke ayisaziphiwa izipho iBhodi. UMphicothizincwadi ukwasebenzisa uphicothozincwadi lonyaka ukuvavanya ukungachaphazeleki kwabo.

11. INDLELA YOKUZIPHATHA EYAMKELEKILEYO

Indlela yokuziphatha eYamkelekileyo ingundoqo ekubeni iBhodi ifezekise umgomo wayo wokwenza uluntu luyithembe ukuba inokuzisa imeko ezinzileyo, enobulungisa neyokuba kulandelwe imithetho. Le Ndlela yokuziphatha idinga ukunikwa kwemigangatho ephezulu ngokukhokelela abasebenzi beBhodi kunye namalungu ayo kweyona ndlela yokusebenza iyiyo kunye nokuqhubeka kokuphucuka kwemigangatho. Ukulandelwa kweNdlela yokuziphatha eYamkelekileyo inyanzeliswa ize ibekwe esweni ngawo; ngoko ke nakuphi ukuphulwa kwayo kujongwa ngokweNdlela neeNkqubo zoLuleko zeBhodi.

Bonke abasebenzi kunye namalungu eBhodi bayakwazi ukuyifumana le Ndlela yokuziphatha Yamkelekileyo kwilintanethi ngokuba bangene kwi-intranethi yeBhodi, nalapho wonke umntu akwaziyo ukufikelela kuyo. Xa umsebenzi omtsha okanye amalungu eBhodi egqiba kunyulwa, le Ndlela yokuziphatha iba yinxalenye yomQulu wokubacacisela umsebenzi, nalapho kufuneka aba bantu basayine ukuba bayifumene.

12. IMIBA YEZEMPILO, UKHUSELEKO NENDALO ESINGQONGILEYO

IBhodi imisele iKomiti yeMpilo noKhuseleko eMsebenzini (iOccupational Health and Safety Committee - iKomiti yeOHASA) eyasekwa ngokoMthetho weMpilo noKhuseleko eMsebenzini (iOccupational Health and Safety Act) wama85 ka1993. IKomiti yeOHASA, enabameli bawo onke amasebe kwiBhodi, idibana qho ngekota kunyaka wonke ukwenzela ukuphonononga imeko yeMpilo noKhuseleko kwiBhodi kunye nokujongana nemiba enokuvela.

13. UNOBHALA WENKAMPANI

IBhodi ayinaye uMabhalane weNkampani. Noko kunjalo, uMnu. Brink uqeshwe njengoMabhalane weBhodi.

14. UKUKHATHALELA ULUNTU

Noxa iBhodi ingenazinkqubo zakukhathalela uluntu kulo nyaka, kodwa iBhodi inemiqathango eyibekayo kubanini-layisenisi ukuba baqinisekise ukuba babeka imali bucala ukwenzela ukuncedisana noluntu oluhluphekayo.

IBhodiibambisene namaziko ahlukileyo anxulumene nezentlalo kurhulumente yaye iyamelwa kwiinkqubo ezahlukeleleyo zokunceda uluntu ilufundisa malunga nayo kunye neengxaki ezinokubangelwa kukungcakaza.

15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHZINCWADI NEMINGCIPHEKO

Siyavuyiswa kukunika ingxelo yethu yonyakamali opehle ngowama31 kuMatshi ka2024.

Amalungu eKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko kunye nokuzimasa kwawo iintlanganiso

IKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko inala amalungu adweliswe apha ngezantsi yaye adibana ubuncinane ka4 ngonyaka, ngokwemigaqo yokusebenza ebekiweyo.

| IGAMA LELUNGU | INANI LEENTLANGANISO AZIZIMASILEYO |
|--|------------------------------------|
| 1. Mnu.L Nene [Unyulwe ukususela ngowe17 kuFebruwari 2021 kude kube ngowe16 kuFebruwari 2024] [Uphinde wanyulwa njengelungu ngowe13 Matshi 2024] | Ezi6 kwezisi8 |
| 2. Mnu. P Mukheli [Unyulwe ukususela ngowesi5 kuJuni 2023 kude kube ngowesi8 kuJuni 2026] | Ezi3 kwezi5 |
| 3. Umnu. A Seymour [Unyulwe ukususela ngowoku1 kuMatshi 2022 kude kube ngowama28 Februwari 2025] | Ezisi8 kwezisi8 |



*Mnu. A Seymour
USihlalo weKomiti
yoPhicothozincwadi*

Kulo nyakamali ka2023/24, kuye kwachotshelwa iintlanganiso ezisibhozo yaye uzizimasa kwamalungu koku kucaciswe apha ngasentla.

UXanduva lweKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko

IKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko iye yathobela imisebenzi eluxanduva lwayo esusela kwiCandelo 51(1)(a)(ii) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (iPublic Finance Management Act) noMmiselo 27.1.10 weOfisi kaNondyebo. Ikwandisa ingxelo yokuba iye yamkela imiqathango yokusebenza njengeTshatha yayo yeKomiti yoPhicothozincwadi yenza umsebenzi ewubekelweyo ngokuhambelana nale tshatha yaza yalwenza uxanduva lwayo olubhalwe kule tshatha.

Le Komiti yenze ukuziphonononga kwayo konyaka ngokokulandela kwayo imisebenzi ehambelana neKing IV Report yoLawulo lwaMaziko, itshata nemiqathango yokusebenza yayo, yalandela nemiMiselo yeSebe likaNondyebo kaZwelonke kunye noMthetho woLawulo lweMali zikaRhulumente. Ifezekise zonke iimfuno.

Iintlanganiso

Abaphicothozincwadi bangaphandle nabangaphakathi bachophela iintlanganiso zeKomiti yaye abanamida ekufikeleleni kwiKomiti noSihlalo wayo, yaye baye banethuba lokuthetha neKomiti bengekho abalawuli ukwenzela ukuba ikhululeke iKomiti.

IKomiti iye yaphonononga iingxelo ezisuka kubaphicothozincwadi bangaphandle kunye nabangaphakathi, eziye zanikwa iBhodi rhoqo ngummeli oliLungu langaphandle okwiKomiti yoPhicothozincwadi zaza zanikwa nanguSihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi rhoqo ngonyaka.

UkuSebenza ngeMpumelelo koLawulo lwangaPhakathi

Uphonononongo lwethu leziphumo zomsebenzi woPhicothozincwadi lwangaPhakathi, obelusekelwe kuvavanyo lwemingcipheko olwenziwe kwiBhodi, luye lwabonisa ubuthathaka obuthile,

Oku kuye kwaxelwa kubaLawuli kwaze kwathathwa okanye kuza kuthathwa amanyathelo okulungisa ezo meko ukwenzela ukucutha imingcipheko leyo.

Isistim yeenkqubo zolawulo iyilelwe ukunika ingqinisekiso engenazindleko zininzi yokuba iiasethi zikhuselekile kwanokuba amatyala nemali yeziko zilawulwa ngendlela eyiyo. Inkqubo esetyenziswe yiBhodi kwimingcipheko yemali nolawulo lwemingcipheko iyasebenza, yanele yaye ayifihlisi.

Ngokuhambelana neemfuno zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente kunye neemfuno zeKing IV Report yoLawulo lwaMaziko, uPhicothozincwadi lwaNgaphakathi lunika iKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko nabalawuli ingqinisekiso yokuba iinkqubo zolawulo lwangaphakathi zifanelekile yaye ziyasebenza. Oku kuphunyezwa ngenkqubo yolawulo lwemingcipheko, kunye nokuchongwa kwamanyathelo okulungisa kunye neendlela zokuphucula ulawulo neenkqubo.

Akukho zimpazamo zibonakalyokwisisitim yolawulo lwangaphakathi ziye zaqatshelwa kwiingxelo zabaPhicothozincwadi zangaPhakathi, iNgxelo yoPhicothozincwadi emalunga namaXwebhu eNgxelomali yoNyaka, kunye nengxelo yolawulo yomPhicothozincwadi Gabalala waseMzantsi Afrika.

IKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko yanelisekile kukuba umsebenzi woPhicothozincwadi lwaNgaphakathi, okhutshelwa kwinkampani yangaphandle, uhamba kakuhle yaye uye wazilungisa iingxaki okanye iinkqubo zolawulo ezinxulumene nemingcipheko ebichaphazela iWCGRB kuphicothozincwadi lwayo.

Ngalo nyaka uphantsi kophononongo, kwenziwe olu phicothozincwadi lwangaphakathi lulandelayo:

Ukuphononongwa kokuqhutywa nokusebenza kweendlela zeenkqubo zolawulo lwangaphakathi ezizenziwe kulo nyaka, kugxilwe kule mimandla ilandelayo:

- Uphononongo lwamaXwebhu asayilwayo eNgxelomali yoNyaka ka2022/23;
- Uphononongo lweNkcukacha zeNtsebenzo neeNjongo eSele ziBekiwe (iiPredetermined Objectives) (iiPDO);
- Ukulandelela iziphumo zophicothozincwadi lwangaphakathi nolwangaphandle lwangaphambili;
- ULawulo lokuQhubeka koShishino;
- Uphononongo lwemiNgcipheko yoKhuselo lwakwiIntanethi;
- Uphononongo loLawulo lweNkqubo zokuChonga nokuSebenzisa abaNiki beeNkonzo;
- Uphicothozincwadi lweNgeniso;
- Uphononongo lweSebe leIT;
- Uphononongo lweSebe lokuLandelwa kwemiThetho;
- Uphononongo lwezenzo zeBhodi yoNgcakazo nemiDyarho eNtshona Koloni (iWCGRB);
- Uphononongo lweofisi yoMphathi oyiNtloko;
- Uphononongo lweSebe lokuKhutshwa kweLayisenisi;
- Uphononongo lweSebe loLungiselelo nezeMali;
- Uphononongo lweCandelo lezoMthetho; kunye
- Nophononongo lweCandelo lezabaSebenzi

Ulawulo lwaPhakathi enyakeni neNgxelo yeNyanga/yeKota

I-WCRGB ingenise iingxelo zenyanga nezekota kuGunyaziwe oLawulayo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokubhaliweyo nangumgangatho weengxelo zekota ezilungiswe zaza zakhutshwa yiWCGRB ngalo nyaka uphantsi kwengqwalaselo.

UkuSebenza kwezeMali

Kuye kwagqitywa ukulungiswa kweengxelo zezemali, kuquka amaxwebhu eengxelomali zonyaka, phantsi kweliso likaNkosk. Z Siwa (CA)SA. IKomiti iye yaphonononga yaza yaneliswa kukuba zifanelekile izakhono namava kaNkosk. Siwa, iGosa eliyiNtloko kwezeMali.

IKomiti iphinde yaphonononga yaza yaneliswa kukuba zifanelekile yaye ziyasebenza izakhono ezikwicandelo lokusebenza kwezemali. IKomiti ivakalise inkxalabo yayo malunga neBhodi ngokunxulumene nokwanela kwabasebenzi bayo bangoku kwanokunqatyelwa kwayo ngamasebenzi bokwenza umsebenzi wayo wezemali ngokuhambelana neemfuno zeWCGRB kunye nokuqonda ukuba lo mba sele iBhodi iwudlulisele kuGunyaziwe oLawulayo.

UQinisekiso loKhuseleko lwankalo zonke

Uqinisekiso lufumaneka kubaqinisekisi abaninzi ngokwendlela elungelelanisiweyo, ukwenzela ukunqanda ukwenziwa kwento enye ngamaqela ohlukileyo.

Isicwangciso sophicothozincwadi lwangaphakathi siqulunqwa kusetyenziswa uhlobo olusekelwe kuphando, kusetyenziswana nabalawuli. Ngaphezulu, abaphicothizincwadi bangaphakathi bayasebenzisana nabangaphandle. Kulo nyakamali ka2023/24, iKomiti iye yaqwalasela imingcipheko ebekwa ngabalawuli. IKomiti iphonononge yaza yavuma izicelo zomsebenzi wophicothozincwadi lwangaphakathi, abaphicothizincwadi bangaphandle, kunye nesiphumo somsebenzi wophicothozincwadi owenziweyo.

IKomiti yaneliswe kukuba wenziwe umsebenzi womqinisekisi ozimeleyo, nakukwanela kolawulo lwangaphakathi oluqulunqwe ngabalawuli.

UkuHlolwa kwamaXwebhu eNgxelomali

Siye:

- Saphonononge saza saxoxa malunga namaXwebhu eNgxelomali yoNyaka aphicothiweyo alungiselelwe yiWCGRB, aza kufakwa kwiNgxelo yoNyaka sixoxa noMphicothizincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika, nabalawuli beBhodi;
- Saphonononga ingxelo yolawulo yoMphicothizincwadi Jikelele kunye neependulo zabalawuli malunga nayo;
- Saphonononga nendlela iWCGRB ethobela ngayo imithetho kunye nemigaqo yemimiselo; saza
- Saphonononga izilungiso ezenziwe ngenxa yolu phicothozincwadi.

AbaPhicothizincwadi bangaPhakathi

IKomiti iye yakujonga ukuzimela nokusebenza komsebenzi wophicothozincwadi lwangaphakathi. IKomiti iphonononge yaza yavuma isiBophelelo soPhicothozincwadi lwangaPhakathi kunye nesiCwangciso soPhicothozincwadi lwangaPhakathi esilungiselelwe u2024; yaye iye yaneliseka emva kwezibhengezo ezenziwe ngabaphicothizincwadi bangaphakathi zokuba uqinisekiso olunikwa yiKomiti luyahambelana neNdelela yokuziPhatha eYamkelekileyo zeZiko labaPhicothizincwadi bangaPhakathi.

ICandelo loPhicothozincwadi lwangaPhakathi lufake iingxelo kwintlanganiso nganye yeKomiti, yaye ezi ngxelo zinika iKomiti umfanekiso wembonakalo yolawulo lwangaphakathi. Yanelisekile iKomiti yimpumelelo yoPhicothozincwadi lwangaPhakathi.

AbaPhicothizincwadi bangaPhandle

IKomiti yoPhicothozincwadi nemiNgcipheko yanelisekile kukuzimela nokungazibandakanyi kwabaphicothizincwadi bangaphandle. Oku kuhlola kuquka ukuthathelwa ingqalelo komsebenzi abawenzileyo kunye nokulandela kwabo imiba enxulumene nokuzimela okanye ukungqubana kwemidla, njengoko kubekwe yiBhodi eziMeleyo eLawula abaphicothizincwadi (iIndependent Regulatory Board of Auditors - iIRBA).

IKomiti iphakamise ukuvunywa kwesicwangcisonkqubo sophicothozincwadi esenziwe yiBhodi isenzela uphicothozincwadi luka2024. IKomiti ikwaphonononge intsebenzo kunye nendlela yokuziphatha kwabaphicothizincwadi bangaphandle kweli thuba kunikwa ingxelo yalo, yaye yanelisekile ngumgangatho wokusebenza kophicothozincwadi lwangaphandle.

IKomiti isiphononongile isicwangciso seBhodi sokuqhutywa kwemiba yophicothozincwadi ebiphakanyiswe kunyaka ongaphambili yaye yanelisekile ukuba le miba iye yasonjululwa ngokwanelisayo. IKomithi yoPhicothozincwadi iyavumelana noku yaye iyazivuma iziphumo zoMphicothizincwadi Jikelele ezimalunga namaXwebhu eNgxelomali yoNyaka, yaye inoluvo lokuba la maXwebhu eNgxelomali yoNyaka aphicothiweyo makamkelwe aze afundwe kunye nengxelo yoMphicothizincwadi Jikelele.



Mnu. A Seymour

USihlalo weKomiti yoPhicothozincwadi
IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni
Umhla: 31 Julayi 2024

16. IINKCUKACHA MALUNGA NENTSEBENZO YOKULANDELWA KWEB-BBEE

Le theyibhile ingezantsi igcwaliswe ngokokulandelwa kweemfuno zeB-BBEE zomthetho ka2013 weB-BBEE nangokubekwe zizikhokelo zeSebe loRhwebo, uShishino noKhuphiswano.

| Ngaba eli Qumrhu likaRhulumente liye lasebenzisa nawuphi uMgaqo wokuQhuba Kakuhle (Izatifiketi zeB-BBEE zeNqanaba 1 - 8) ngokunxulumene noku kulandelayo: | | |
|--|--------------------|--|
| Umba ojongwayo | Impendulo Ewe/Hayi | Ingxoxo |
| Umba wokujongwa kokulandelwa kwemigaqo yokukhutshwa kweelayisenisi, iimvume okanye amanye amagunya ngokunxulumene nesenzo sezoqoqosho ngokokwawo nawuphi umthetho? | Ewe | IBhodi ibeka imiqathango yokukhutshwa kweelayisenisi kumacandelo ahlukileyo olu shishino, inika elona nqanaba liphantsi malifezekiswe ekulandelweni kweB-BBEE. Ngaphezulu,elo zinga maliqinisekiswa ngesatifiketi soqinisekiso esikhutshwa yiarhente yoqinisekiso ebhalisiweyo. |
| Ukusungula nokufezekisa umgaqonkqubo wokukhangelwa kweenkonzo zeenkampani zababesakucalulwa? | Ewe | IBhodi ifezekisa uMgaqonkqubo wayo weSCM, ithathela ingqalelo iimfuno ezibekwe kwimiMiselo yeOfisi kaNondyebo, imiYalelo yeOfisi kaNondyebo, imiMiselo yokuYhengwa kwempahla nokufunwa kweenkonzo kwababesakuHleleleka kunye nayo yonke imithetho enxulumene nolawulo lokuchongwa nokusetyenziswa kwabaniki beenkonzo. |
| Umba wokujongwa kokufaneleka kokuthengiswa kwamashishini karhulumente? | Hayi | IBhodi ayiloShishini likaRhulumente. |
| Ukwenziwa komba wokungena kubambiswano namacandelo abucala? | Hayi | IBhodi ayiloqumrhu linikezela ngeenkono. Ngugunyaziwe othotyelomthetho nokukhutshwa kweelayisenisi. |
| Ukubeka umba wokukhutshwa kwezibonelelo, iigranti kunye nezikim zotyalomali ngelixhasa uXhotyiso oluNatyisiweyo lwabaNtsundu kwezoQoqosho? | Hayi | Ukubeka umba wokukhutshwa kwezibonelelo, iigranti kunye nezikim zotyalomali ngelixhasa uXhotyiso oluNatyisiweyo lwabaNtsundu kwezoQoqosho? |



ICANDELO D:
Ulawulo Lwezabasebenzi

1. INTSHAYELELO

IBhodi inobume beziko obuvunyiweyo bezithuba zabasebenzi abalikhulu elinethoba Okwangoku ama74 ezi zithuba axhaswe ngemali, nalapho izithuba ezingama65 zinabantu, ngelixa ezili9 bezingekabi nabantu ngowama31 Matshi 2024. Izithuba zengqesho ezongezelelweyo ziye zayilwa njengesiphumo sophononongo lobume bezithuba zeziko. IBhodi idinga ukuxhaswa ngemali ukwenzela ukufezekisa iziphumo zophononongo.

ICandelo lezabaSebenzi linika inkonzo nenkxaso kwiBhodi neofisi yayo kwimiba ephathelelene nokukhangela kwabasebenzi abatsha kunye nokugcinwa kwabo, ulawulo lwentsebenzo, ubudlelwane bamashishini, uphuhliso lwabasebenzi, intlalontle yabasebenzi kunye nemiba yezabaSebenzi kwakunye nokukulungwa kwemigaqonkqubo efanelekileyo. Umsebenzi wokulungiselelwa kokuhlululwa kwabasebenzi luxanduva lweSebe loLungiselelo lweOfisi nezeMali.

Amagqabantshintshi emiBa yeZabasebenzi kwiBhodi

Le miba ilandelayo ibekwe phambili kwezabasebenzi kulo nyaka uphononongwayo:

- Ukukhangela abasebenzi abanezakhono eziyimfuneko, ngokwenjalo, kuvunyelwa eli ziko ukuba likwazi ukufezekisa imiba yalo ephambili neyokusebenza;
- Abasebenzi abanolwazi ngomsebenzi nabahlukileyo, ukuqinisekisa ngokumelwa ngokufanelekileyo kwamaqela athile kuzo zonke iintlelo namanqanaba emisebenzi asemsebenzini, ngokunjalo nokuphathwa ngobulungisa kwingqesho;
- Uphuhliso noqeqesho oluqhubekayo ngokomsebenzi ukwenzela ukuxhobisa abasebenzi ngezakhono zokusebenza ukuze bakwazi ukwenza imisebenzi yabo ngokweziCwangciso zabo zokuziPhuhlisa;
- Ukudala nokugcina imeko ekhuselekileyo yasemsebenzini;
- Imeko ebeka phambili intsebenzo
- Ukudala imeko yasemsebenzini ekhathalayo nexhasayo negxilise ebantwini ikwaqhutywa ngabantu;
- Uphononongo oluqhubekayo lwemigaqonkqubo yezabasebenzi;
- Uphononongo lwemisebenzi ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ingcaciso nezithuba zemisebenzi zisoloko zifanelekile yaye zichanekile; kunye
- Noyilo lobume beziko obugqibeleleyo nobuhambelanayo.

Umgaqosikhokelo wokucwangciselwa kwabasebenzi kunye nezicwangcisonkqubo zokutsala nokukhangela abasebenzi abanezakhono nabakwaziyo ukwenza umsebenzi

ICandelo lezabaSebenzi liyaqhuba nemigaqosikhokhelo engundoqo yokusingatha imingeni yasemsebenzini ethe yaqatshelwa. Iimfuno zengqesho zeBhodi zifezekiswa ngokukhangela nokuchonga abalingwa abaqeshwa ngokokwazi kwabo umsebenzi, amava neziqinisekiso zemfundo, ukuze bafezekise iimfuno zomsebenzi.

Zonke izithuba zemisebenzi zibhengezwa ngaphakathi nangaphandle ukuze kufikelelewe kubantu abaninzi kangangoko kula maqela afunekayo. Elona jelo lifanelekileyo lokubhengeza izithuba zomsebenzi (kuquka neintanethi) likhethwa ngokokufikeleleka kokuhlululwa kwalo, injongo ikukutsala umdla wabantu abathile kwilizwe jikelele.

Indlela engafihlisiyo nengathathi cala yezithuba zengqesho iyalandelwa apho ummeli weKomiti yokuLingana ngokobuNgakanani bamaNani kwiNgqesho liyafikelela kwinkqubo yokhuchongwa kwabanokubizelwa udliwanondlebe yaye uyamenywa nakudliwanondlebe ukuba eze kuba ngumqwalaseli. Isebe lezabasebenzi liphinde liqinisekise ukuba udliwanondlebe lunobulungisa, aluthathi cala, lwenziwa ngendlela efanayo, luselubala yaye alunamkhethe.

Umgaqosikhokelo wolawulo lwentsebenzo yabasebenzi

IBhodi inendlela yolawulo lwentsebenzo kunye nomgaqonkqubo wolawulo lwentsebenzo ovunyiweyo, nenika izikhokhelo zeenkqubo zolawulo ukuba zigxile ekulinganiseni nasekuphuculeni intsebenzo yabasebenzi neyeziko.

Inkqubo yolawulo lwentsebenzi ifuna kuqhutywe uphononongo lwaphakathi enyakeni kunye nohlolo lonyaka, kwanokuba iithagethi zokusebenza ezinxulunyaniswe nesivumelwano sentsebenzo ziqwalaselwa ngokuqhubekayo.

Kwiimeko aho okulindeleke kwintsebenzo kungafezekiswanga, izikhewu zisingathwa ngolawulo lwentsebenzo engekho mgangathweni, noluhambelana neenkqubo ezilandelwayo njengoko zibekwe kumthetho iLabour Relations Act.

INkqubo yeNkuthazo yokuba seMpilweni kwabaSebenzi

IBhodi yoNgcakazo nemiDyarho yeNtshona Koloni iyaluqonda uxanduva lwayo lokuthintela kunye/nokuthomalalisa uxinzelelo lwengqondo kunye nemingeni yobuqu kubasebenzi bayo (kuquka nakwiintsapho zabo), ngoko ke izibophelele ekukhuthazeni nasekugcineni indlela yokuphila esempilweni. Iyayiqonda imingcipheko yabasebenzi enxulumene neengxaki zobuqu kwanezomsebenzi, kubasebenzi nakwiziko eli. Iziphumo zeziko ezibangelwa zezo ngxaki zithathwa njengeziquka ukuphutha kakhulu emsebenzini, ukuhla kwemveliso nomoya ophantsi, ukurhoxa okuninzi kwabasebenzi kunye nomngcipheko wokungabi kwimeko yokukwazi ukusebenza.

Ngokusekwa kwenkqubo yokuKhuthazwa kokuba seMpilweni neMpilo yabaSebenz (IEWP)i, eli ziko likwazibophelela ekudaleni imeko yasemsebenzini ekhathalayo nexhasayo negxilise ebantwini ikwaqhutywa ngabantu. Le nkqubo ijonge ekuncedeni abasebenzi ukuba bakwazi ukumelana neminye yemingeni yabo yobuqu, yasemoyeni neyasentlalweni, nenokuphazamisa intsebenzo nentlalontle yabo yasemsebenzini.

Le nkqubo iqwalaselwa ngokunikwa kweengxelo zekota nezokusetyenziswa kwayo zonyaka ezinika uhlalutyo lwendlela ekuqhubeka ngayo ukusetyenziswa kweenkonzo zayo (okt. inkonzo yeengcebiso zeengcali efumaneka efowunini 24/7/365, inkonzo yokhathalelo nokunikwa kwengxelo kwi-intanethi, iingcebiso zeengcali ezenziwa kujongenwe ngqo, iingcebiso zeengcali emva kokwehlelwa sisehlo komntu neqela, uqeqesho kunye nongenelelo olubhekiselele kokuthile, njalo njalo), ukuqatshelwa kwemingcipheko kunye nefuthe layo kwimveliso kunye nezindululo zongenelelo olugxile kokuthile.

Uqulunqo lwemigaqonkqubo

Ngokwemiyalelo esuka kwiOfisi kaNondyebo yePhondo lePhondo leNtshona Koloni (iWCPT), iBhodi igqibe ekubeni imigaqonkqubo yabasebenzi yeWCGRB mayihanjelaniswe naleyo yorhulumente weNtshona Koloni ngokukodwa leyo yeOfisi kaNongxowa wePhondo leNtshona Koloni. Ngenxa yoko, iBhodi iyaqhubeka nokujonga imigaqonkqubo yeWCPT ukuze ibone ukuba akukho lutshintsho kufuenka lwenziwe na, kuze kwenziwe uhlaziyo lwemigaqonkqubo efanelekileyo yeWCGRB.

Imigaqonkqubo yezabasebenzi iqulunqwa ngenkqubo yeengxoxo namaqela achaphazelekayo ukwenzela ukuzinisekisa ngentathoxaxheba nokuvunywa kwayo okunabileyo. Kulo nyaka uphononongwayo, icandelo liye lancedisa ngokuphononga umgaqonkqubo wokuHlaba uMkhosi, isiKhokhelo sokuzimasa imicimbi, umgaqonkqubo wokuLingana ngokobuNgakanani bamaNani kwiNgqesho nokuTshintshisana ngokuza eMsebenzini.

Iimpumelelo

Kulo nyaka uphononongwayo, eli candelo liye lancedisa ngoku kulandelayo:

- Ukuphononongo lwemigaqonkqubo yezabaSebenzi;
- UkuKhangela kwabaSebenzi bokuQeshwa nokuKhethwa kwabasebenzi abawaziyo umsebenzi ukwenzela ukuba iziko likwazi ukufezekisa iinjongo zokusebenza kunye nemiba ephambili yokusebenza;
- Ukungeniswa kweziCwangciso zezaKhono zaseMsebenzini (iWSP) kunye neNgxelo yokuFezekiswa koQeqesho ngokweemfuno zeCATHSSETA;
- Ukulungiselela ukufezekiswa kwamaphulo oqeqesho akwiWSP;
- Ukungeniswa kwangethuba kwengxelo yenkqubela malunga nokuLingana ngokobuNgakanani bamaNani kwiNgqesho ingeniswa kwiDoL ngokweEEA;
- Ulawulo lweenkcukacha zabasebenzi oluqinisekisa ngempumelelo ephuculweyo kwiinkqubo zeHRM;
- Ukuqhutywa kwesicwangciso sokufezekiswa sesiqhelo seziko nesobunkokheli;
- Ukwaziswa okuqhubekayo kweNkqubo yoNcedo lwabaSebenzi ukwenzela ukuqinisekisa ngokuzinza kwenkqubo yolwaziso neengxoxo; kunye
- Nokugcina imeko yasemsebenzini ekhuselekileyo.

Imingeni

Ukungabi nazixhobo nabasebenzi baneleyo kuseyingxaki enkulu. Ubume beziko bangoku abukatshintshi ukususela oko yasekwayo iBhodi ngo1997, nangona ushishino longcakazo lusanda minyaka le. Ukusingatha oku, iBhodi ichonge inkampani yokunika iinkonzo ukuba ihlale ubume bayo, kunye nezixhobo nabasebenzi abafunekayo ukuze iBhodi ikwazi ukufezekisa uxanduva lwayo ngempumelelo. Lo msebenzi ugqityiwe waza wavunywa yiBhodi. Noko kunjalo, iBhodi idinga uncedo lwemali ukuze kuxhaswe ukufezekiswa kwezi zindululo.

ULAWULO LWEZABASEBENZI

Ngaphezulu, obu bume bezithuba zeBhodi bungenamathuba akunyuselwa abuniki thuba lakukhula ngokwamakhono. Emva kweenzame, ixesha nezixhobo ezininzi ezichithwe kuqeqesho lokuphuhlisa abasebenzi, abasebenzi bayayishiya iBhodi baye kukhangela amathuba angcono. Oku kuphelela ekubeni abasebenzi abaziingcali bayishiye iBhodi. Omnye umba owongezelelayo ekuhambeni kwabasebenzi kweli ziko ngamazinga embuyekezo eBhodi, nangaphantsi kwalawo akwizinga eliphakathi kulawo afunyanwa ngabasebenzi abakwakwezi zithuba zifanayo. Umzekelo, amagosa amane ashiye eli ziko ngethuba lokunikwa kwengxelo aye atsalwa yimivuzo ephezulu enikwa sisiXeko saseKapa, abanye ooGunyaziwe boLawulo kunye namaqumrhu ezemfundo.

Izicwangciso/ iinjongo zexesha elizayo zeHR

IsiCwangciso seHR siphononongwe ngokuhambelana nesiCwangciso sokuSebenza kunye nesiCwangciso seNtsebenzo yoNyaka zeWCGRB. Le ilandelayo yimiba ephambili engundoqo yeHR:

- Uphuhliso loqeqeshelo lobungcali kunye noqeqesho oluqhubekayo ukwenzela ukuxhobisa abasebenzi ngolwazi lomsebenzi olunxulumene nemisebenzi ethile noluyimfuneko ekwenziweni kwemisebenzi yabo;
- Ukutsalwa komdla nokugcinwa kwabantu abanezakhono eziyimfuneko ukwenzela ukongeza ixabiso kweli ziko.
- Ukusingatha ukungamelwa ngokwaneleyo kwamaqela akhethekileyo ngokuhambelana nesiCwangciso seEE esitsha.
- Ukudala nokugcina imeko ekhuselekileyo yasemsebenzini;
- Ukudala imeko ebeka phambili intsebenzo;
- Ukudala imeko yomsebenzi ekhathalayo nexhasayo negxile kubasebenzi nebeka phambili abasebenzi ngokulandela iNkqubo yeNtlalontle yabaSebenzi;
- Ukuphucula ukwanelisa kweenkqubo zeHR;
- Ukufezekisa isicwangciso sokutshintshwa kwesiqhelo seziko nobunkokheli; kunye
- Nokuphononongwa kwemigaqonkqubo yeHR okuqhubekayo.

2. IINKCUKACHAMANANI ZOKUQWALASELWA KWABASEBENZI

2.1 Inkcitho enxulumene nabasebenzi

IiNdleko zabaSebenzi ngokweNkqubo

| INkqutyana 2: | Inkcitho ePheleleyo yeli qumrhu (R' 000)** | Inkcitho yeza-basebenzi (R' 000) | Inkcitho yezabasebenzi njenge% yenkcitho e pheleleyo | Inani labasebenzi | Iindleko eziphakathi zomsebenzi ngamnye (R' 000) |
|---------------------------------------|--|----------------------------------|--|-------------------|--|
| ULungiselelo* | 57 516 | 17 107 | 17% | 44 | 389 |
| ICandelo loku-Khutshwa kweeLayisenisi | 14 777 | 14 512 | 15% | 22 | 660 |
| Uku Landelwa kwemiThetho | 17 934 | 16 723 | 17% | 24 | 697 |
| ICT | 8 275 | 3 198 | 3% | 5 | 640 |
| IYONKE | 98 502 | 51 540 | 52% | 95 | 543 |

** INkcitho ePheleleyo ayikubali ukubekwa amaxabiso kwezinto eziphathekayo zeshishini (idepreciation) nokuhla kwamatyala asahlawulwayo, ukuhlawula ngeenkonzo endaweni yemali kunye nezinye izinto ezingeyomali; kodwa iquka inkcitho yezinto ezinkulu.

* INkqubo yolungiselelo lweofisi ibandakanya iBhodi, iSebe loLawulo lweOfisi nezeMali, uLawulo lweZiko kunye nabasebenzi bethutyana abalishumi elinesine (14)

Iindleko zabasebenzi ngokwezinga lomvuzo

| Inqanaba | ** Inkcitho yeza-basebenzi (R' 000) | I% yencitho yabasebenzi xa ithelekiswa neendleko ezipheleleyo zezabasebenzi | Inani labasebenzi | Iindleko eziphakathi zomsebenzi ngamnye (R' 000) |
|-------------------------------|-------------------------------------|---|-------------------|--|
| Abalawuli abaPhetheyo | 1 760 | 4% | 1 | 1 760 |
| AbaLawuli abaPhezulu | 7 453 | 16% | 4 | 1 863 |
| Abanoqeqesho kumakhono athile | 9 558 | 20% | 11 | 869 |
| Abanezakhono | 23 605 | 49% | 33 | 715 |
| Abanezakhono ezingephi | 5 644 | 12% | 16 | 353 |
| Abangenazakhono | - | 0% | - | - |
| IYONKE | 48 020 | | 65 | |

** Ayiyibandakanyi imbuyekezo yamalungu eBhodi esisiR1 511 386, isibonelelo sezindlu sesiR 1 161 558, imbuyekezo yabasebenzi bethutyana esisiR1 271 969 kunye neR176 878 lengqikelelo/ ulungiselelo lwemivuzo esele itsalwe okutsalwayo.

AmaBhaso okuKhuthaza iNtsebenzo

Akukho maBhaso eNtsebenzo aye ahalwulwa kunyakamali ka2023/24.

IiNdleko zoQeqesho

| INkqutyana 2: | Inkcitho yeza-basebenzi (R' 000)** | Inkcitho yoQeqesho (R' 000) | INkcitho yoQeqesho njenge% yeeNdleko zabaSebenzi | nzi a baqeqeshiweyo | Umyinge ophakathi weendleko zoqeqesho zomsebenzi ngamnye ('000) |
|--------------------------------------|------------------------------------|-----------------------------|--|---------------------|---|
| IBhodi | 1 501 | 0 | 0.00% | 0 | 0 |
| Abaphathi | 9 125 | 42 | 0.46% | 11 | 4 |
| ULungiselelo lweOfisi nezeMali | 6 579 | 56 | 0.85% | 8 | 7 |
| UkuLandelwa kwemiThetho | 16 723 | 301 | 1.80% | 23 | 13 |
| ICandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi | 14 512 | 92 | 0.63% | 21 | 4 |
| ICT | 3 198 | 26 | 0.81% | 5 | 5 |
| IYONKE | 51 638 | 517 | 1.00% | 68 | 8 |

** Inkcitho yezabaSebenzi eboniswe kwiNqaku 22 lamaxwebhu engxelomali.

Inani elipheleleyo labasebenzi abaqeqeshiweyo liquka abasebenzi bethutyana abathathu. Inkcitho yoqeqesho iquka inkxasomali yezifundo zabucala.

ULAWULO LWEZABASEBENZI

Ingqesho neZithuba zomsebenzi

| INkqutyana 2: | 2022/23 Inani labasebenzi | 2023/24 Izithuba ezivunyiweyo | 2023/24 Inani labasebenzi | 2023/24 Izithuba | I% yeziThuba |
|--|---------------------------------|-------------------------------------|---------------------------------|---------------------|-----------------|
| ULungiselelo | 8 | 10 | 6 | 4 | 40% |
| Abaphathi | 7 | 7 | 7 | - | - |
| AbaLawuli | 7 | 7 | 5 | 2 | 29% |
| UkuLandelwa kwemi-Thetho | 22 | 24 | 22 | 2 | 8% |
| ICandelo lokuKhutshwa kweeLayisenisi | 21 | 22 | 21 | 1 | 5% |
| ICT | 4 | 4 | 4 | - | - |
| IYONKE | 69 | 74 | 65 | 9 | 12% |

| Inqanaba | 2022/23 Inani labasebenzi | 2023/24 Izithuba ezivunyiweyo | 2023/24 Inani labasebenzi | 2023/24 Izithuba | I% y eziThuba zeNgqesho |
|----------------------------------|---------------------------------|-------------------------------------|---------------------------------|---------------------|-------------------------------|
| Abalawuli abaPhetheyo | 1 | 1 | 1 | - | - |
| AbaLawuli abaPhezulu | 6 | 6 | 4 | 2 | 33% |
| Abanoqeqesho kumakhono athile | 11 | 13 | 11 | 2 | 15% |
| Abanezakhono | 35 | 36 | 33 | 3 | 8% |
| Abanezakhono ezingephi | 16 | 18 | 16 | 2 | 11% |
| Abangenazakhono | - | - | - | - | 0% |
| IYONKE | 69 | 74 | 65 | 9 | 12% |

